

## ULWAZI NGEPROJEKTHI

---

**Ishloko:** Ingxelo ehlaziyiweyo ecetywayo yoHlolo lweMpembelelo yokusiNgqongileyo kwiSikhululo saMandla eNyukliya sakwaEskom kunye neZixhobo ezihambelana naso (i-Nuclear-1)

**ULawulo lokusiNgqongileyo:** ISebe leMicimbi yokuSingqongileyo (i-DEA)

**Inombolo yokubhekiselela ye-DEA:** 12/12/20/944

**Umfaki-sicelo:** I-Eskom Holdings Limited

**Abacebisi bokusiNgqongileyo:** U-Arcus GIBB (Pty) Ltd

**Umhla:** Matshi 2011

*lingxelo zeAfrikaans neSingesi zolu Shwankathelo loPhumezo ziyafulmaneka kwa-GIBB Public Participation Office (P.O. Box 3965, Cape Town, 8000; Umnxeba: 021 4699180 Ngeeyure zoMsebenzi: uMvulo ukuya kuLwesihlanu – 09h00 ukuya kwi-13h00 ngaphandle kweeholide zikawonkewonke; Ifeksi: 021 424 5571 ne-imeyile: [nuclear1@gibb.co.za](mailto:nuclear1@gibb.co.za)). Ingxelo yeSingesi yolu xwebhu yiKopi yeSiseko.*

---

# ISISHWANKATHETO SEQUMRHU ELILA WULAYO

## ISISHWANKATHETO

*Isiphumo esingundoqo sale Ngxelo eHlaziyiweyo eYilwayo yeMpembelelo yokusiNgqongileyo sesokuba inconyiwe ukuba i-DEA iqwalasele ukugunyazisa isiza saseThyspunt ukwenzela iSikhululo saMandla seNyukliya sakwaEskom, nemiqathango.*

U-Eskom Holdings Limited (u-Eskom) uceba ukwakha, ukusebenzisa nokuyekisa ukusebenza isikhululo esiqhelekileyo samandla enyukliye eMzantsi Afrika, ukuze akwazi ukumelana neemfuno ezipheleleyo zombane. UEskom uceba ulwakhiwo lwendlela yokuveliswa komthamo owongezelelwego, ohambelana nenkqubo yokuqhubela phambili ukwaneliswa kwamandla ombane, nokupuhhliswa ngokutsha iindlela zokuvelisa umbane. UMzantsi Afrika kungokunje ujongene neemfuno ezandayo zombane eziggitha kuma-43% ngonyaka. Ngokoqikelelo, kukho imfuneke entsha yamandla ombane angaphezulu kwama-40 000 Megawatts (MW), kwisithuba seminyaka engama-20 ezayo. Isicwangciso esiDityanelwego seMithomo yaMancedo sowama-2010 esamkelwego (Integrated Resource Plan 2010), esichaza amacebo obuchule karhulumente okumelana neemfuno ezikhulayo zamandla, sibonisa ukuzinikezela kukarhulumente kulwakhiwo lwamandla enyukliye angama-9 600 MW ngowama-2030. Injongo kaEskom kukwenza uphando malunga nokuba nokwenzeka kokunyuswa kokuveliswa kwamandla enyukliye afunwa nguMzantsi Afrika.

Imfuneko zowiso-mthetho zezixhobo zenyukliye eMzantsi Afrika zininzi ngokugqithisileyo. Ngokubhekiselele kwisikhululo samandla enyukliye, kudingeka izigunyaziso ezibini ezivela kubalawuli abasemagunyeni abangaba, iSebe leMicimbi yokusiNgqongileyo (i-DEA<sup>1</sup>), kunye noMlawuli weSizwe weNyukliye (i-NNR). Ezi zigunyaziso, nezinye eziliqela, ziyadingeka phambi kokuba kuqaliswe ngemisebenzi yokwakha.

Izigunyaziso zokusinqongileyo ngokubhekiselele kuMthetho weSizwe woLawulo lokusiNgqongileyo (i-NEMA, uMthetho onguNombolo. 107 ka-1998), kunye neZigunyaziso ze-EIA Regulations (2006) ziayafuneka phambi kokuba isikhululo esicetywayo samandla enyukliye sakhiwe, njengoko ibandakanya le 'misenbenzi idwelisiwego' (o.k.u. imisenbenzi enokuthi ibe nempembelelo enokuthi yonakalise okusingqongileyo), eyona iphambili:

- (1a) *Kukusekwa kwezakhiwo nokusetyenzisa kwezixhobo, kubandakanya izakhiwo ezihambelana naso okanye izixhobo, ukuze kuveliswe umbane aphi ukuveliswa kombane kungaphezulu kwama-20 Megawatts, ze isakhiwo sibe ngaphezulu kumgama oyihektare enye;*
- (1b) *Kunye nokwakhiwa kwezakhiwo okanye ukusetyenzisa kwezixhobo, kuquka izakhiwo ezibandakanyekayo okanye ukusetyenzisa kwezixhobo zenyukliye, kuquka ukuveliswa, ukukhuliswa, ukusetyenzwa,nokusetyenzwa ngokutsha kokugcinwa okanye ukulahlwa kwamafutha enyukliye, iimveliso zokuhakeka kwee-athom kunye nenkunkuma.*

U-Arcus GIBB (Pty) Ltd (Arcus GIBB) uthe watyunjwa nguEskom, njengomSebenzi woHlolo lokusiNgqongileyo (i-EAP), ukuba aqhube inkqubo yoHlolo lweMpembelelo yokusiNgqongileyo (i-EIA), ze aseke iSicwangciso soLawulo lokusiNgqongileyo (i-EMP), sesikhululo esicetywayo samandla enyukliye (esiza kubizwa ngokuba yi-Nuclear-1 emva koku), kunye nezakhiwo ezihambelana naso. Iqela leengcali lithe lancedisa kwi-EIA, laze laqulunqa iingxelo eziyimfuneko zobungcali.

<sup>1</sup> Ebelisakwaziwa njengeSebe leMicimbi yokusiNgqongileyo noKhenketho

INkqubo ye-EIA ye-Nuclear-1 iqulathe izigaba ezibini, isiGaba sokuVavanya nesiGaba sokuHlola. Kufakwe isicelo kwi-DEA ngoMeyi ka-2007, saze saguqulwa ngoJulayi ka-2008, sesikhululo esinye samandla enyukliye afikelela kuma-4 000 MW. Isigaba soVavanyo Iwe-EIA sesiquunjelwe. I-DEA, ifumene izimvo zoogunyaziwe abachaphazelekayo bezokusiNgqongileyo kwiPhondo yaye zaphumeza iNgxelo yoVavanyo ngoNovemba ka-2008.

Oku kuphumeza kwabandakanya isiphakamiso sokuba ezibini kwezintlanu zeesayithi ezichaseneyo zangaphambili zihlolwe ngethuba lesigaba soVavanyo, eziyiBrazil neSchulpfontein eMntla-Koloni, ze zikhutshwe ekubeni ziphinde zibe nokuqwalaselwa kwi-EIA. Ukukhutshwa kwezi sayithi bekusekelwe ngokubhekiselele kwimfuno elinganiselwego yasekhaya, kune nokungabikho kweendlela esele zikho zokuhamisa umbane ezihambelana nezi sayithi. I-DEA yaphumeza iSicwangciso sokuGqibela seSifundo se-EIA ngoJanuwari ka-2010.

Ngokusekelwe kwizimvo ezifunyenwego ze-EIR eYilwayo ebinikwe uluntu negunyabantu ukwenza izimvo ngethuba lowama-2010, i-EIR eYilwayo ihlaziyiwe. Olu xwebhu yi-EIR eYilwayo eHlaziyiwego yeNuclear-1. Lushicilela inkqubo ye-EIA ethe yaqhutywa ukuvavanya iimpembelelo ezinokuthi zibekho zokusingqongileyo zesikhululo samandla enyukliye, kuso nasiphi kwezithathu zeesayithi ezichasene naso ezizezi, i-Duynefontein neBantamsklip eNtshona Koloni neThyspunt eMpuma Koloni. Iquka iingxelo ezithile zeengcali ezhlaziyiwe yaye yenza izindululo ngokubhekiselele ekumisweni nasekugunyazisweni nasekusekwani okukhuthazwayo kweesayithi ze-Nuclear-1, okusekelezwe kwiziphumo ze-EIA.

## **IMISEBENZI YEZIPATHAMANDLA ZIKARHULUMENTE**

I- National Nuclear Regulator (i-NNR) inikezwe igunya nguMthetho weSizwe woLawulo IweNyukliya (i-NNRA, uMthetho onguNombolo. 47 ka-1999) ukukhusela abantu, izakhiwo neempahla, kune nokusingqongileyo ekonakalisweni yinyukliye ngokuthi iseke imigangatho yokhuseleko kune nemisebenzi yolawulo. Ngokuhambelana neCandelo 21 le-NNRA, u-Eskom kulindeleke ukuba afake isicelo esisesikweni kwi-NNR sephepha-mvume lokufakelwa kwenyukliye ukwenzela iisayithi, ulwakhiwo, ukusetyenziswa, ukususa isidyobho sento enobungozi nokuyekisa ukusebenza kwesikhululo esicetywayo samandla enyukliye. I-NNRA yenza amalungiselelo eBhodi ye-NNR ukuba ibe nokuxoxwa luluntu. ngokuphathelene nemiba yezempilo, ukhuselo nokusingqongileyo ngokubhekiselele kwisicelo esisodwa.

NgokoMgaqo-Siseko weRiphabhliko yeloMzantsi Afrika (uMthetho onguNombolo. 108 ka-1996), kune ne-NEMA, i-DEA inoxanduva lokuvavanya iimpembelelo zesikhululo samandla enyukliye kokusingqongileyo. Ekuqonden iimfanelo ezimbolo-mbini nezohlukaneyo ngokuphathelene novavanyo lobungozi bokukhutshwa kwemitha, i-NNR neDEA zisayne isivumelwano sentsebenziswano. I-DEA, ne-NNR ziye zavumelana ukuba zisebenzisane ekuhloleni imiba ephathelene nenyukliye.

## **INKCAZELO YEPROJEKTHI**

Ubuchule be-Pressurised Water Reactor (i-PWR), obusebenzisa amanzi njengesiphozisi, buthe bakhethwa ngu-Eskom ebukhethela i-Nuclear-1. Ii-PWR zikhola ukuba zizona ziphenduli zisetyenziswayo kwihiabathi jikelele. U-Eskom uqhelene nobu buchwepheshe buvela kwezempiro nokhuselo, kune nemibono yentsebenziswano, emva kokubusebenzisa iminyaka engama-27 kwiSikhululo saMandla eNyukliya saseKoeberg (i-KNPS). Isikhululo samandla enyukliya esikuiyo olukuMgangatho wesi-III siyakhethwa nguEskom ngenxa yobulula bokusetyenziswa kune noburhabaxa boyilo, ukufumaneka, nokuba nokwenzeka okuncitshisiwego kweengozi zokunyibilikiswa, eyona mpembelelo incinane kokusingqongileyo, okona kusetyenziswa kuninzi kwamafutha kune nokona kukhutshwa kuncinane kwenkunkuma.

lingcaciso ezipheleleyo zesayithi ecetywayo yenyukliye azikabikho, njengoko kungekabikho mnikezeli ukhethiweyo.

Indlela esetyenzisiweyo kule nkqubo ye-EIA ibe kukubalula iimfuneko ezigubungelayo zezokusingqongileyo nezinye ezibandakanyekayo, ekufuneka uyilo nokwakhiwa kwesikhululo samandla ombane kwisayithi sizithobele. Kuqulunqwe indlela egubungelayo ukuqinisekisa ukuba zimele obona bunjani buthile bakudala obungqamene neminye imizimveliso eyohlukaneyo kubuchwepheshe be-PWR.

Indawo ethe yahlolwa kule EIA ilungiselela ukwanda kwexesha elizayo kwesikhululo samandla ombane, ukuvumela umthamo opheleleyo we-10 000 MW, ukuba oku kuthe kwaba nokwenzeka ngokokusinqongileyo nangokobuchwepheshe. Kuqikelelwa ukuba ukusekwa okudingekayo kukanke ukuze kwakhiwe i-Nuclear-1 (4 000 MW) ezihekta ezingama- 200 ukuya kuma-280. Ukongeza kukusekwa kwesikhululo samandla enyukliya, kuza kuba kho amacandelo amabini ommandla wokuthinta, ngeenjongo zokucwangcisel aimeko zongxamiseko, kwindawo enezakhiwo yesikhululo samandla ombane. lindawo zokuthinta ezamkelwe kwihiabathi jikelele zisaqwalaselwa ukulungiselela i-Nuclear-1. Kukho ulinganiselo kwindawo eziimitha ezingama-800 kupuhhliso lomhlaba oluya kuthi lunyanzeliswe. I-NNR iya kuthi ithabathe isiggibo sokugqibela ngokuphatelene nobukhulu bendawo yokuthinta, ngokwe-NNRA.

Uludwe Iwezakhiwo kwesikhululo esicetywayo samandla ombane luya kubandakanya, *phakathi kwezinye*, iziphenduli namaholo ee-injini zomsinga, kunye nokugcinwa kwamafutha enyukliya, izixhobo zokujongana nenkunkuma, iindawo zokungenisa nokukhupha eziyimfuneko ukugcina/ukukhupha amanzi asetyenzisiweyo ukuze apholise le nkqubo, umzimveliso wokususa ityuwa, imijelo yamandla phakathi kwesiza se-injini, iindlela, iyadi yamandla amakhulu ombane, kunye nasiphi na esinye isakhiwo senkonzo encedisayo. UMzimveliso we-iNjini yomsinga weRhasi oVulelekileyo (i-OCGT), uya kuthi usetyenziselwe ukuveliswa okungxamisekileyo kombane kwisayithi yaseThyspunt.

Kwimeko aplo iprojekthi ecetywayo ithe yagunyazisa, kucingeleka ukuba ulwakhiwo luya kuthatha malunga neminyaka esi-9. liyunithi zokuqala ziya kuqala ukuvelisa umbane wezorhwebo ngowama-2023 / 2024<sup>2</sup>.

## **INKQUBO YE-EIA, INTATHO-NXAXHEBA YOLUNTU NOAVANYO LWEMPEMBELELO**

INkqubo ye-EIA eqhutywa ngokweMimiselo yowama-2006 ye-EIA, ibandakanya iNkqubo yeNtatho-nxaxheba yoLuntu (i-PPP) kunye nezifundo zobuchwepheshe, kwanemiba echongiwego yaze yahlolwa.

INkqubo ecetywayo ithe yaziswa embindini ka-2007, xa kuqaliswa ngobhaliso lwabo baNomdla nabaChaphazelekayo (ii-I&AP), yaye luqhebekile kuyo yonke i-EIA. liNtsuku ezininzi zokwazisa uLuntu ngokuBanzi, iiNtlanganiso zamaQela zokuGqalisela kuNdoqo kunye namaQela abaChaphazelekayo abaPhambili abanjwa ukwenzela ukuba ii-I&AP zikwazi ukuxoxa ngeziphumo zeNgxelo eYilwayo yokuKhangela ngokuPheleleyo (i-DSR) neqela le-EIA. Izimvo ze-I&AP zaye zadityaniswa kwiNgxelo yeMiba neeMpendumlo (i-IRR) kunye neNgxelo yokuGqibela yoVavanyo.

lippembelolo ezinokuthi zibe kho neziphathelene ne-Nuclear-1, zithe zachongwa kwiSigaba soVavanyo. Iprojekthi ezohlukaneyo ezichasene nale icetywayo, zithe zabalulwa yaye zadluliselwa phambili ukuze ziqlawaselwe kwiSigaba se-EIA.

Imeko esisiseko kwisayithi nganye echaseneyo ithe yaphandwa ngamachule ezokusingqongileyo yaze yachazwa ngokubhekiselele ngokwemiba yezinto ezibambekayo, yebhayoloji neyasekuhlaleni. Ezinye iimpembelolo ezongezelelwego zithe zachongwa ngophando loochwepheshe abohlukaneyo (uphando olwensiwe kwikhompyutha nolwensiwe ebantwini ngqo) nangenqubo eqhubekayo yoonxibelelwano nee-I&AP. Oochwepheshe bathe bahlola ukabaluleka kweempembelolo

<sup>2</sup> Le mihla ingahluka kwimihla equkiwego kwezinye izahluko ze-EIR. Nangona kunjalo iminyaka yama-2023 / 2024 ihambelana ne-IRP yama-2010 eyamkelwe kutshanje.

ezichongiwego nezinokuthi zibe kho, baze benza isindululo esifanelekileyo sokuthomalalisa apho kukho imfuneko. Ngethuba leSigaba se-EIA, uluntu nalo luye Iwanikezela ngolwazi olubalulekileyo nolungqamene nalo, kune nolunye ulwazi kwi-EIA, kune nesiqinisekiso esinisekisiwego sokuba le miba ithe yaqwaliaselwa kuphando lokusingqongileyo. Iziphumo zophando loochwepheshe ziye zadityaniswa zaze zahlolwa kule EIR icetywayo.

Elinye ilungu eliphambili leSigaba se-EIA Iuhlolo loluntu ngokutsha Iweziphumo, ezithe zanikezelwa kule-EIR ecetywayo eHlaziyiweyo. Zonke ii-I&AP ezibhalisiwego zither zaziswa malunga nobukho beNgxelo nobeeNtlanganiso zoLuntu ezicetywayo. lindibano zokubonisana eziBalulekileyo zaBathathi-nxaxheba ziye zabanjwa eNtshona Koloni naseMpuma Koloni. Ubukho be-EIR ecetywayo eHlaziyiweyo kune namalungiselelo eeNtlanganiso zoLuntu zithe zapapashwa ngokuthengiswa kumaphephandaba.

I-EIR eYilwayo eHlaziyiweyo neengxelo ehamba nazo iya kulungiswa, apho kufanelekileyo, ukulandela izimvo ezifunyenwego ezipela kwii-I&AP ngexesha lophengululo. lingxelo emva koko ziya kuthunyelwa kwi-DEA ngenjongo yokuqwaselwa nokuthathwa kwsigqibo.

## **IZIPHUMO EZIBALULEKILEYO KWIINGUQU**

linguqu ezibalulekileyo kule-EIR eYilwayo eHlaziyiweyo ukusuka kupapasho Iwe-EIR eYilwayo yokufumana izimvo ngowama-2010 zezi:

- Ukuyekwa kwezicwangciso zoMboniso woMatshini waMandla we-Pebble Bed Modular Reactor (PBMR) e-KNPS. Ngako oko i-EIR eYilwayo eHlaziyiweyo ayiqulathanga ukuxelwa kwezicwangciso ze-PBMR;
- Ukugqitywa kophononongo lokongamele amanzi omhlaba olwenziwe ngowama-2010 kuzo zonke iziza ezithathu ngokutshintshanayo. Iziphumo zolu phononongo zinikela ngeqondo eliphakemeyo lokuthembeka koHlolo lokuHamba kwaManzi oMhlaba (i-Geohydrological Assessment). Kananjalo lubonelela ngentembeko ephucukileyo yokuba amanyathelo okuthomalalisa okutsaleleka ezantsi kwamanzi omhlaba aya kusebenza ngempumelelo ekuthinteleni iimpembelelo kwimigxobhozo enovakalelo efana ne-Langefonteinvlei kwisiza sase-Thyspunt;
- Ukugqitywa kohlolo lokumpompoza kokungcola, unyibilikiso nokuzala kwamanzi kwiNdlela u-R330 kwisiza sase-Thyspunt. Olu luqinisekisa ukuba abukho ubungqina bokumpompoza kokungcola kwisiza okanye ubukho beemeko zokumpompoza kokungcola. Kananjalo luqinisekisa ukuba ayikho ingozi yomonakalo kwi-Nuclear-1 okanye kwiindlela zokungena nengozi encinci yokunyibilika kweentlabathi (okanye imigxobhozo yentlabathi ebizelayo), ngokuxhomekeke ekubeni kusetyenziswa iinkqubo zobunjinel ezisesikweni zeendlela nezakhwi ezhambelana nazo;
- Ukugqitywa kohlolo lwengcali lwenkunkuma oluquka ngokubanzi, iinkunkuma ezinobungozi neziqulethe ukusasazeka kwemitha. Uhlolo lugqibe kwelokuba kukho ulwazi olwaneleyo lokulahla zonke iintlobo zenkunkuma ezeliswa yi-Nuclear-1 kuzo naziphi iziza ezitshintshanayo kwanokuthi iimpembelelo ezinokuba kho zezi ntlobo zenkunkuma ziya kuba ncinci, ngokuxhomekeke ekubeni ulawulo olungqongqo lokuphathwa kwenkunkuma luyasetyenziswa, ngokweemfuno zomthetho.
- I-Heritage Impact Assessment (i-HIA) (uHlolo IweMpembelelo yezaMafa oBuzwe) lufumene ukuba isiza sase-Thyspunt sithathwa "njengeMbonakalo-mhlaba yeMveli" njengoko ichazwa yi-United Nations Educational, Scientific and Cultural Organisation (UNESCO) World Heritage Convention. Ngaphezu koko i-HIA ibonisa ukuba kukho ukungaquiniseki malunga nemo yeempembelelo kwimithombo yoncedo yamafa obuzwe kummandla osebindini wesiza. Ngokuphathelele koku kwensiwa isicelo kwi-Heritage Resource Agency (SAHRA) yemvume yovavanyo ngokugrumba kwesi siza kodwa kusamisiwe. Imvume enjalo iyafuneka ukuze kuqinisekiswe iimpembelelo zamafa obuzwe;
- Ukuqwasela iindawo ezimbini ezitshintshisanayo zokulahla amanzi okupholisa e-Thyspunt: kufuphi nonxweme nakude nonxweme. Uhlolo lugqibe kwelokuba indawo yokulahla ekufuphi nonxweme yamkelekile e-Thyspunt ngembono yeziphili zaselwandle (umz. i-chokka squid). Uhlolo olongzezelwego Iwe-chokka squid luqinisekise ukuba iimpembelelo zokulahlwa

- kwentlenga elwandle, namanzi okupholisa afudumeleyo akunakuba neziphumo ezibalulekileyo kwi-chokka squid okanye ekulobeni iintlanzi.
- Ukulahla izinto ezingafunwayo kumaza amakhulu ngaselunxwemeni e-Thyspunt. Uhlo lo luggibe kwelokuba, kuya kwenzeka iimpembelelo ezincinci ukuba nje ubunzulu bolwandle obukhuthazwayo buyasetyenziswa kwisiza sokulahla. Xeshikweni ukwanda kwentlenga e-Seal Point kungachaphazela indlela amaza abetha phantsi ngayo, akukho ukwanda kwentlenga engqindilili okunokwenzeka e-St. Francis Bay, e-Bruce's Beauties nase-Jeffrey's Bay. Imeko yamaza angaselunxwemeni kwezi ndawo ngako oko ayinakuchaphazeleka.
  - Inguqu kuthutho Iwemithwalo enzima kwisiza sase-Thyspunt yeyokuba indlela yokungena yezithuthi ezinzima ukujikela e-Humansdorp ichongiwe. Ngenxa yeso sizathu izithuthi zokwakha ezinzima ezingena kwisiza sase-Thyspunt akunakufuneka zicande kumbindi we-Humansdorp.

## **UHLOLO LWEZINYE IINDLELA ZEPROJEKTHI**

Ukuqwälaselwa kweeprojekthi ezizezinye yiyona mfuneko iphambili ye-EIA, njengoko zinikezela ngesiseko sokukhethwa kwabalawuli belo candelo nee-l&AP. liprojekthi ezizezinye eziqwälaselwayo kufuneka zibe zezizizo yaye zibe nokwenzeka. Ezi projekthi zizezinye eziqwälaselwa ngethuba le-EIA ziqluka ezi zilandelayo:

- Indawo yesikhululo samandla ombane;
- Lindidi zokuveliswa kombane;
- Lindidi zemizimveliso yenyukliya;
- Isiseko somzimveliso wenyukliya;
- Ukuhanjiswa kwamanzi afreshi nokusetyenziswa kwamanzi atsalwe emhlabeni;
- Ukulawulwa kwamanzi anetyuwa;
- Ukungeniswa kwamanzi aselwandle;
- Ukukhutshwa kwamanzi kunye nokungcola kweekhemikhali;
- Ukulawulwa kwezinto ezonakeleyo;
- Ukufikelela kwiisayithi;
- Ukuhanjiswa kwenkunkuma; kunye
- Nezinye iindawo ezingenalupuhhliso (o.k.u. 'Akuhanjwa').

Uhlo lo lwezinye iiprojekthi lusekelezwe kwintlanganisela yeendidi zohlo lo ezishicilelw zingcali, izipumo zeqweba zohlanganyelo lweengcali ebelibanjwe ngoNovemba ka-2009, kunye nohlanganyelo lukaArcus GIBB nohlolo lwezipumo zophando, kuquka neengxelo zengcali zezihlaziyo ekupheleni kowama-2010 nasekuqaleni kowama-2011.

## **INDAWO YESIKHULULO SAMANDLA ENYUKLIYA**

Iiprojekthi ezintathu ezizezinye eztithe zahlolwa kwi-EIA zezi:

- I-Duynefontein, ejongene ngqo ne-KNPS ikwasemantla kuNxweme lweNtshona yeKapa, malunga nama-35 eekhilomitha kumantla eKapa. Le sayithi iphantsi kwendawo esele ikho kaEskom, equka imimandla yolondolozo Iwendalo.
- I-Bantamsklip, ekummandla woNxweme olukuMzantsi Kapa, kumbindi ophakathi kweDanger and Quoin Points. Le sayithi iyinxalanye yesakhiwo esipheleleyo saseBantamsklip esiyipropati kaEskom, yaye isetyenziswelwa ikakhulu ukuvunwa kweentyatyambo, ukuloba iintlanzi
- I-Thyspunt, ekummandla okunxweme olukumaZantsi eKapa, phakathi kwe-Oyster Bay neSt. Francis Bay. Isayithi ye-Nuclear-1 esacetywayo kungokunje yipropati kaEskom, kodwa kukho izindlu ezininzi ezikwiziza ejizongene nayo, ngaphandle kwasikhululo esicetywayo samandla enyukliya. lindawo zokuCwangcisa zeNgxakeko (ii-EPZ.).

Uhlo lo lokuthelekisa lweziza eztshintshanayo ezintathu belusekwe kule miba:

- Izifundo zengcali: iingcali zibonise ukubaluleka okuhambelanayo kweempembelelo ezinokuba kho nokuthomala Lisa kwesinye nesinye seziza ezintathu ezitshintshanayo;
- Indibano yokubonisana yomanyano (ngNovemba 2009), ebandakanya zonke iingcali, a pho iimpembelelo ezinokuba kho nokubeka iziza ngokweendidi bekuxoxwa ngazo;
- lindleko; kwakunye
- Neemfuno zobuchwepheshe (umz., umanyano lothumelo, ukufaneleka kwe-seismic /kwentshukumo yenyikima).

limpembelelo ezingama-259 ziye zahlelwa ngokweendidi zaze zadityanisa Zahluzwa ukubonelela ngezona mpembelelo zibalulekileyo ezili-16 ukulungiselela ukuthatha isigqibo. Oku kubandakanye ukususa iimpembelelo ezinokubaluleka okuphantsi, iimpembelelo zokubaluleka okulinganayo kuzo zonke iziza kwakunye nezo zingafumanekiyo kuzo zonke iziza.

Uhlalutyo Iweempembelelo lubonise ukuba i-Duynefontein inokuba sisiza esithandwayo. Nangona kunjalo bekufuneka ukusinga ngokubaluleka okuhambelana nempembelelo nganye yeendidi phakathi kweziza naphakathi kwesiza. Ukufikelela oku uthelekiso olulinganisa ngamanani Iweziza ezitshintshanayo Iwenziwe ukuzama ukuchonga esona siza silungele i-Nuclear-1. Imiba yezobuchwepheshe neyokusinqongileyo, iqwalaselwe kolu thelekiso. Imiba elithoba elandelayo yokuthatha isigqibo isetyenzisiwe kulo msebenzi wokulinganisa ngokweendidi:

- Umnyano lothumelo;
- Ukufaneleka kwe-seismic/ kwentshukumo yenyikima kwiziza;
- limpembelelo kwimbonakalo yomhlaba weendunduma;
- limpembelelo kwimigxobhozo;
- linzuo ezinokuba kho zolondolozo;
- limpembelelo kwimithombo yoncedo yamafa obuzwe;
- limpembelelo zoqoqosho;
- limpembelelo kwizilwanyana ezingenawo umqolo; kunye
- Neempembelelo kwizilwanyana ezinomqolo.

Uthelekiso olulinganisiweyo Iweziza ezitshintshanayo, olwenziwe ngokwemiba exeliweyo ngentla yezokusinqongileyo neyobuchwepheshe, nokulinganisa kwayo, inike iziphumo zamanqaku alandelayo ngokuphathelele kwiziza ezitshintshanayo:

- I-Duynefontein: -8
- I-Bantamsklip: -8
- I-Thyspunt: +5

Esi siphumo sibonisa inqaku eliphezulu le-Thyspunt, ilandelwe yi-Bantamsklip ne-Duynefontein. Oku kucebisa ukuba i-Thyspunt sisiza esithandwayo ngokwembono yezokusinqongileyo nobuchwepheshe. Isigqibo esingentla sivavanyiwe kananjalo ngokusebenzisa uthelekiso olungelulo olwamanani kwiziza ezitshintshanayo yaye isigqibo ngokuphathelele kwisiza esithandwayo asiguuki siyafana.

I-Thyspunt inovakalelo olungaphezulu ngokwembono yezinto eziphilayo namafa obuzwe kune-Duynefontein okanye i-Bantamsklip, ikakhulu ngenxa yobulunga nenani leendawo zamafa obuzwe e-Thyspunt nokuxabiseka kwayo njengeMbonakalo-mhlaba yeMveli. Nangona kunjalo, ayiko imicimbi enokusenza singafaneleki isiza sase-Thyspunt ukuba siqwalaselwe ukusekwa kwsikhululo samandla enyukliya. Oku kuxhomekeke ekuqiniseweni ukuba iziza zezinto zakudala embindini wendawo yobukho besikhululo samandla azikho ninzi okanye azinakubaluleka okufanayo neziza zezinto zakudala kwiziza ezingaselunxwemeni.

limahluko enxulumeneyo phakathi kweziza ezitshintshanayo (ngenxa yesiphumo sothelekiso Iwamanani nolungelulo Iwamanani) ziphatheka ngokwaneleyo ukukhetha i-Thyspunt ngaphezulu kwe-Bantamsklip okanye i-Duynefontein.

## IZIGQIBO NEENKUTHAZO

### Indawo yesikhululo samandla

I-EIA ichonge i-Thyspunt njengesiza esithandwayo. Kukhuthazwa ukuba esi siza siqwalaselelw ugunyaziso yi-DEA, ngokulawulwa kukuqinisekiswa nokusombululwa kwemicimbi eshiyekeleyo yamafa obuzwe, kwakunye nemiqathango namanyathelo okuthomalaalisa achongwe kwi-EIR eYilwayo eHlaziyiweyo.

### Indlela zokuvelisa amandla

Ngokuphathelele kwezobuchwepheshe bokuvvelisa amandla, uveliso Iwamandla enyukliya nolubaselwa ngamalahle zizo kuphela iindlela zobuchwepheshe ezingqiniweyo zomthwalo wesiseko. Kuyakhetheka ukwakha izikhululo zamandla ezibaselwa ngamalahle kufuphi nomthombo woncedo ngenjongo yobuchule nezizathu zeendaleko. Umjikelo wobomi wamagalelo okuvelisa umbane ngenyukliya ngokubhekiselele kwigesi ekhutshwayo ngokuphathelele kulondolozo lobuluhlaza bendalo noococeko lomoya (greenhouse) zincinci xa zithelekiswa nokuvelisa umbane ngomililo wamalahle. Oku kubonisa ukuba ukuvelisa umbane ngenyukliya yinxalenye efunekayo yobuchule yoMzantsi Afrika yokuvelisa umbane ongezelelwego ngama-40 000 MW ngonyaka wama-2025. Imithombo yamandla evuselelekayo efana namandla aveliswa kwilanga nomoya akavelisi umthwalo wesiseko oqinisekisiweyo womthamo ofunekayo. Nangona kunjalo, oku akubekeli bucala uphuhliso lobuchwepheshe bamandla avuselelekayo, okufuneka Iwenzeke ngokunxuseneyo nokuveliswa kwamandla ngenyukliya.

### Indlela zee-injini zenyukliya

Li-Pressurised Water Reactor (iziXhobo zokwenza aMandla ngee-atom ngaManzi aXinzelelwego) ngokwezizwe zezona reactor zenyukliya zisetyenziswa ngokuxhaphakileyo. I-KNPS isebezisa ubuchwepheshe be-Pressurised Water Reactor yaye ngako oko luhlobo oluvavanyiweyo lokuvelisa amandla olusebenze ngokhuseleko iminya engama-27 eggithileyo. UESkom ubuqhelile obu buchwepheshe ngokwembono yezempiro nokhuseleko, nangokwemeko yokusebenza.

### Indlela zothutho

Uthutho ngomgaqo Iwamkelwe njengesisombululo esisodwa sokuthutha imithwalo enzima ukusuka emazubukweni ukuya e-Duynefontein nase-Thyspunt. Nangona kunjalo, e-Bantamsklip, ngenxa yeempuculo ezininzi zezixhobo zokusebenza eziya kufuneka kuthutho Iwezixhobo ezinzima ukusuka kwizibuko laseKapa, uthutho ngesikhephe esinesinge esibanzi (i-barje) ukusuka kwizibuko laseKapa kucetyiswe ngaso njengenye indlela yothutho ngaphandle kweyomgaqo.

Ngokwembono yezikusingqongileyo, le ndlela eyenye ithathwa ingamkelekanga, ngenxa yeempembelelo ezibalulekileyo ezilindelwego ezinokuba kho xa kusakhiwa amalungiselelo okumisa isikhephe (i-barje). Nangona lungekho uhlolo olukhethekileyo olwenziweyo Iweendawo zokumisa eznokufuneka, iinkqubo zohlolole zezilwanyana eznomqolo namafa obuzwe zozibini ziphawule ummandla oselunxwemene kufuphi nesiza sase-Bantamsklip unovakalelo oluphezulu lokuphazamiseka. Nangona kunjalo, ulwakhiwo lolungiselelo lokumisa isikhephe lungafuna inkqubo ehlukeneyo ye-EIA.

Ukuhambisa ngesikhephe imithwalo enzima ngokungaqhelekanga ukuya e-Bantamsklip ngako oko akwamkelwanga njengenye indlela kule-EIA.

### Indawo zesikhululo samandla enyukliya kwiziza

Izimo ezitshayelelayo zeziza 'ezirhangqe' indawo yokumisa isikhululo samandla beziphuhliswe nguEskom esenzela isiza ngasinye esitshintshanayo. Ezi zimo bezinikwe iingcali yaye emva koko zalungiswa ukujongana nemicimbi ethile neenkhalabo ezivezwie ziingcali. Imaphu zeengcali zovakalelo zidityanisiwe kwaze kwaveliswa iimaphu ezimanyeneyo zovakalelo ukubonisa ezona ndawo zifaneleke kakhulu ngokukusingqongileyo ukuba kumiswe isikhululo samandla enyukliya

esicetywayo. Ukuggibezela izimo zesiza, ukuba isikhululo samandla sigunyazisiwe, kuya kufuna uphando olunzulu, ngokusebenzisana neengcali ezifunde ngokufanelekileyo nezinamava, sakuba isiza esithandwayo nohlobo lwe-injini yamandla iqinisekisiwe.

Ngokusekelwe kubukhulu bemimandla efanelekileyo ngokokusinqongileyo ukumisa isikhululo samandla enyukliya kwiziza eztishintshanayo (phakathi kwe-172 ha nama-293 ha), kunye nobukhulu obucetywayo bokumisa i-Nuclear-1 (ama-200 ukuya kuma-280 ha), akunakwenzeka ukwakha izikhululo ezonegezelweyo, ngaphezulu kwe-Nuclear-1, nakwesiphi seziza eztishintshanayo.

Nangona kukho izincomo ezibanzi ezixeliweyo ngentla malunga nenani lezikhululo zamandla ezinokwakhiwa kwisiza ngasinye, kufuneka kugxininiswe ukuba isicelo sangoku sesesikhululo samandla enyukliya esinye sobukhulu bama-4 000 MW. limpembelelo ezonegezelkayo zezikhululo zamandla enyukliya naziphi ezonegezwayo kwisiza esikhethekileyo (ukuba sigunyazisiwe) kungafuneka siqinisekiswe kwinkqubo entsha ye-EIA phambi kophuhiso naluphi olongezelelweyo.

### **Ukusebenzisa amanzi omhlaba atsaliwego**

Amanzi omhlabaaya kutsalwa ukusuka kwimingxuma enzulu kwiziza zonke ezintathu ngenjongo yokuvumela ukwakhiwa kweSiqithi seNyukliya. Enye indlela enokukhethwa yokutsala amanzi omhlaba kukugcina nokusebenzisa amanzi kwisiza. Nangona kunjalo, umthamo wamanzi anokukhutshwa, ngokukodwa e-Thyspunt, kungafuneka amanye amanzi echithelwe elwandle. Ukugqithisela amanzi kwinkqubo yobonelelo ngamanzi kamasipala kuthathwa njengento engenakho ukwenzeka nakwesiphi seziza eztishintshanayo, ngenxa yomgama ukusuka kweyona ndawo ikufuphi elungiselelwe iinkonzo zedolphu. Ngako oko, indibaniso yokugcina nokuchithela elwandle iyakhuthazwa.

### **Ubonelelo ngamanzi amatsha**

Kuzo zonke iziza ukususwa kwetyuwa emanzini kuqinisekisa umthombo wobonelelo ngamanzi amatsha ukuqhuba lonke ixesa lobomi besikhululo samandla enyukliya ngaphandle koku phazamisa ukufumaneka kwamanzi amatsha kwabanye abasebenzisi. I-injini yokususa ityuwa emanzini ngako oko yenye indlela ekhethwayo yokubonelela ngamanzi amatsha kuzo zonke iziza eztishintshanayo.

### **Ukuphathwa kwamanzi anetyuwa**

Nayiphi indlela yokulahla amanzi anetyuwa elwandle okanye ukulahla amanzi anetyuwa kwakunye namanzi okupholisa elwandle yamkelekile ngokokusinqongileyo. UKulahla amanzi anetyuwa elwandle kufuneka kusetyenziswe kuphela ngexesha lokwakha, yaye kufuneka amanzi anetyuwa angadityaniswa namanzi okupholisa akhutshelwa elwandle ngexesha lesigaba sokusebenza.

### **Ukungenisa amanzi aselwandle**

Ukufakwa kweetonela zokungenisa nokukhupha amanzi okuquka ukufakwa kwemibhobho yangaphantsi kolwandle, efumana amanzi kulwandlekazi nokubonelela ngamanzi okupholisa kwindawo yokuwagcina (isidibi sokuwamkela) ebekwe kufuphi nezindlu zempompo yamanzi okupholisa yiyo kuphela indlela enokusetyenziswa kuzo zonke iziza eztishintshanayo.

### **Indlela yokuphuma kwamanzi neekhemikhali ezimdaka**

Izakhwi zokukhupha amanzi okupholisa neekhemikhali ezimdaka kufuneka zenziwe kude nonxweme. Zonke izinto ezikhutshwayo kufuneka zenzeke kwimigama efanelekileyo njengoko kuchaziwe ziingali ezichanekileyo. Ngokuxhomekeke ekubeni amanyathelo akhethekileyo okuthomalalisa achongiwego kwingsxelo yebhayoloji yolwandle ayalandelwa, ukulahlwa kwamanzi amdaka kude nonxweme ngako oko yenye indlela ekhuthazwayo.

### **Ukuphathwa kwezinto ezingafunwayo**

Ngokusekelwe kwiziphumo zomzekelo wezifundo ngamalwandlekazi nohlo lovakalelo lolwandle, kukhuthazwa ukuba izinto ezingafunwayo ezcicolekileyo zilahlwe kwimekobume yolwandle. Ezishiyeyleyo, ezingenakho ukupompelwa elwandle, kufuneka zilahlwe emhlabeni yaye zisetyenziselwe imisebenzi efana nokugudisa iyadi ye-HV, ukunciphisa ubukho bazo. Kufuneka kusetyenziswe umyili wezakhwi wembonakalo-mhlaba ukunceda kuyilo olufanelekileyo lwendawo zokulahla inkunkuma yezinto ezingafunwayo ngenjongo yokunciphisa impembelelo yembonakalo.

Indlela eyodwa enokwenzeka nenokwamkelwa yokulahla inkunkuma yokusasazeka kwemitha yoMphakamo oPhantsi noMphakamo oPhakathi kukulahlwa kwiSiza sokuLahla Inkunkuma yeNyukliya e-Vaalputs. Yiyo kuphela indawo yoncedo olugunyazisiweyo lokulahlwa inkunkuma yolu hlobo eMzantsi Afrika yaye inomthamo owaneleyo wenkunkuma eya kuveliswa yi-Nuclear-1.

Ngokuphathelele kwiNkunkuma yoMphakamo oPhezulu (izibaso ezisetyenzisiweyo), indlela eyodwa efumanekayo okwangoku eMzantsi Afrika yeyogcino Iwexesha elide Iwezibaso ezisetyenzisiweyo kwisikhululo samandla senyukliya. I-Vaalputs iyaqwälaselwa njengesiza sokulahlha iNkunkuma yoMphakamo oPhezulu, kodwa iinkqubo zogunyaziso olufunekayo zolu ncedo ziya kuthatha iminyaka eliqela, ngako oko okwangoku ukulahlwa kwezibaso ezisetyenzisiweyo kule ndawo yoncedo luhetho olungenakwenzeka.

### **Enye indlela yokuThintela ukuHamba**

Njengoko kukho imfuno engxamisekileyo yamandla ngokusekelwe kuhlumo loqoqosho eMzantsi Afrika, enye indlela yokuThintela ukuHamba ayicingwa iyene indlela enengqiqo, njengetunya likaEskom lokubonelela ilizwe ngamandla. UESkom, ngandlela zonke ezilindelekileyo, uya kufaka isicelo sokuphulisa izikhululo zamandla ezongezelelweyo ezibaselwa ngamalahle ukuba isicelo sangoku siyalandulwa. Iimpembelelo kokusingqongileyo zomjikelo wobomi bokaveliswa kwamandla ngokubaselwa ngamalahle zinkulu kakhulu kunemveliso ebaselwa yinyukliya. Kunokuba nzima nangakumbi ukuphulisa izikhululo zamandla ezibaselwa ngamalahle kwixesha elizayo, ngenxa yerhafu yekhaboni eya kuhlawuliswa amazwe aqhubeckayu ukukhupha iigesi ezitshabalala ulondolozo lobuluhlaza bendalo nococeko lomoya (i-greenhouse). Enye indlela yokuThintela ukuHamba ingathetha ukuba iinzuso ezinokuba kho ezivela kwiprojekthi ecetywayo azinakufikelelwa. Ngokuphathelele koku, kubalulekile ukulungelelanisa inzuso, iintswelo neembono zamazwe angabamelwane nomdla wesizwe wothungelwano lombane olukhuselekileyo olulungiselela uphuliso oluzinzileyo Iwexesha elide loqoqosho IoMzantsi Afrika. Nangona iimpembelelo ezingalunganga ezinokwenzeka zeprojekthi ecetywayo zinokuphetshwa ngendlela yokuThintela ukuHamba, kunyanzelekile ukuba uMzantsi Afrika uphuhlise umthamo wawo wokuvvelisa amandla, ngokukodwa eNtshona naseMpuma Koloni.

### **Amanyathelo abalulekileyo okuthomalalisa nemiqathango yogunyaziso**

Iziphumo zezifundo zobungcali ezenziwe phakathi kwale-EIA zinikela ngoohlolo Iwazo zombini iimpembelelo ezilungileyo nezingalunganga ezinokwenzeka ezilindelweyo ngenxa yeprojekthi ecetywayo. Iziphumo zigqiba kwelokuba azikho iziphene ezibulalayo zokusingqongileyo ezinokuthintela iprojekthi ecetywayo ekuqhubekeni nakwesiphi seziza ezitshintshanayo, ngokuxhomekeke ekubeni amanyathelo akhuthazwayo okuthomalalisa nokulawula ayaphunyeza.

Kunyanzelekile ukuba izincomo zokuthomalalisa eziqulathwe kule-EIR, i-Environmental Management Plan (i-EMP) (isiCwangciso soLawulo lokuSingqongileyo) nezifundo zobungcali ziphunyeze ngokungqongqo. Amanyathelo okuthomalalisa eempembelelo zebhothani, zezilwanyana ezinomqolo nezingenawo umqolo, imigxobhozo, ukwakheka komhlaba weendunduma nemithombo yoncedo yamafa obuzwe abaluleke ngokukodwa. Ukuthomalalisa iimpembelelo zamafa obuzwe kuya kufuna ngokukodwa umsebenzi weqela elikhethekileyo lesiza elizinikele kukugrumba kwithuba lexesha leenyanga ezintandathu ukuya kunya phambi kokuqlisa kokwakhiwa. Kananjalo kuya kubaluleka ukubandakanye iingcali ezifundileyo nezinamava zebhothani, zezilwanyana ezinomqolo nezingenawo umqolo, ukwakheka komhlaba weendunduma nezamafa obuzwe ukulungisa ngocoselelo indawo yesikhululo samandla kwisiza.

Ukuze kufikelelwe kwimigangatho yolawulo lokusingqongileyo efanelekileyo nokuqinisekisa ukuba iziphumo zezifundo zokusingqongileyo ziyaphunyeza ngamanyathelo aphathekayo, izincomo (eziquka izincomo zengcali yobuchwepheshe) ezivela kule EIA ziqlikiwe phakathi kwe-EMP (ukuthobela ummiselo we-NEMA Regulation 34) oqukiwego kwiSihlomelo F. Kufuneka le EMP ibe yinxalenye yekontraki noosokontraki abalathelwe ukwakha isikhululo samandla enyukliya esicetywayo nezakhiwo ezayamane naso. Kufuneka i-EMP isetyenziswe ukuqinisekisa ukuthobela imiyalelo yokusingqongileyo namanyathelo olawulo ngamaxeshya azo zonke izigaba zeprojekthi. Kuyimfuneko ukuphumeza le EMP yazo zonke izigaba zomjikelo wobomi (oko kukuthi, ukwakha, ukusebeza nokuphelisa ugynyaziso).

I-EMP luxwebhu olushukumisayo yaye njengoko ulwazi olutsha lufumaneka ekuhambeni kwexesha, okanye njengoko izifundo zifundwa ekuphumezeni izincomo ze-EMP, kufuneka i-EMP ihlaziwe ekuhambeni kwexesha.

## ISISHWANKATHETO SEZIPHUMO ZEENGCALI

limpembelo ezinokuthi zibe kho zokusinqongileyo kwiisayithi ezintathu ezichaseneyo zithe zahlolwa zingcali zobuchwepheshe<sup>3</sup>, ze kwanikezelwa ngesi sishwankathelo seziphumo silapha negezantsi

### Ukufaneleka kobuchwepheshe bezomhlaba

limpembelelo ezinokuba kho ezinxulumene nokuzinza kwethambeka elinokuveza iingozi zokhuseleko ngaphandle kwamanyathelo okuthomalisa zinokubaluleka neziphumo ezincinci kuzo zonke iziza ezitshintshanayo, njengoko ubuchule bokuyila ukuzinza kwethambeka buya kusetyenziswa ukujongana nale micimbi. Oku ngokungamandla kuya kubandakanya ukuyilwa kweembombo ezithe tyaba zethambeka, eziya kufuna imithamo emikhulu yokomba nemfuneko yokulahla imithamo emikhulu yezinto ezingafunwayo. Limpembelelo ezayamene noku (ngaphandle kokuthomalisa) nangona kunjalo zibaluleke kancinci kuzo zonke iziza ezintathu ezitshintshanayo. Ngokusebenzia ukuthomalala, okufuna kubandakanywe ukufumana iindawo ekufuneka zombiwe kufuphi nolwandle e-Bantamsklip nase-Thyspunt, ukubaluleka okuyamaniswa neempembelelo kuhlala kuphantsi kuzo zonke iziza.

### Ingozi yeniyikima

Ukukhululeka kocinizeleko loqweqwe lomhlaba kudala intshukumo ecaleni kweziphenne zomphezulu okanye kubunzulu obudala iinyikima. Iziganeko zokudubula koxinzelelo lomoya olodalwe yinyikima neenyikima ezincinci emva kwenyikima enku (Seismic shockwaves and aftershocks) zithunyelwa ngezanty nobuninzi obuxhomekeke kwidwala ezihamba kulo. Ngokubanzi kwamkelekile ngokwezizwe ukuba i-injini esemgangathweni inganyamezelu umlinganiselo wenyikima ngokulandeletana kwe-0.3 g Peak Ground Acceleration (PGA) yemaleko yangaphakathi yeziza ezifana nezoMzantsi Afrika. Awukho umda ophezulu ophathekayo woyilo Iwenyikima wezikhululo zamandla zenyukliya, kodwa ukwanda imiyalelo yomlinganiselo wenyikima ngaphezulu kwe-0.3 g kwandisa iindleko nexesha lokuyila isikhululo samandla.

Azikho izilanduli zenyikima ezifunyenwego nakwesiphi seziza, yaye zonke zikulungele ukwakhiwa kwesikhululo samandla enyukliya. Amaxabiso e-PGA eziza ezithathu ngokulandeletana ngala 0.16 g, 0.23 g ne-0.3 g e-Thyspunt, e-Bantamsklip nase-Duynefontein. Ngokusekelwe kwiinkcukacha ezifumanekayo nomsebenzi ukuza kuthi ga ngoku, isiza sase-Thyspunt sesona sinomda ophezulu wenyikima neyona ngozi iphantsi yeniyikima ngokwee-PGA zeziza ezithathu ezitshintshanayo. Ngaphezu koko, ngenxa yokungaqniseki okunxulumene ne-PSHA ehlaziyiweyo elandela inkubo ye-SSHAC, kukhuthazwa ukuba ngokwembono yeniyikima ukuba kukhethwe kwisiza esinomda owona mkhulu kwinyikima (i-Thyspunt) njengesiza esithandwayo.

### Ingozi yokwakheka komhlaba

Uhlolo Iweempembelelo ezinokuba kho ezinxulumene nokwakheka komhlaba alunxulumananga kuhela ngokubalulekileyo nengozi yeniyikima kodwa kananjalo nobulunga bamanzi kummandla. lingozi zokwakheka komhlaba ziphandiwe phakathi komgama weerediyasi ezingama-320 km, ezingama-40 km nezisi-8 km ukujikeleza iziza ezicetywayo.

Iziza ezithathu zibhengezeke kwiimeko ezifanayo zokwakheka komhlaba. linguqu kokusingqongileyo kokwakheka komhlaba ezbangwa yintshukumo enku yamatye okanye intenga ecolekileyo zicingelwa zingekhe zenzeke, ikakhulu njengoko zonke iziza ezithathu zimi kumathafa azinzileyo

<sup>3</sup> Ingxoxo kweli candela ilinganisewo uphando Iweengcaphephe ze-EIA. Uphando olungqamene nenqubo yokunikezelwa kwelaisensi ye-National Nuclear Regulator (i-Human Health Risk Assessment, lingxelo zoLawulo IweSayithi nokuPhendula kwimeko yoNgxamiseko) lubandakanyiwe njengesihlomelelo kwiNgxelo ecetywayo yEMpembelelo yokusingqongileyo ukwenzela ulwazi kuhela.

akude kakhulu kumathambeka anokuba akazinzanga ethambeka eliphezulu. Ngokuya ngokwakheka komhlaba ayikho imimandla enovakalelo ekufuneka iphetshwe kwiziza zase-Bantamsklip nase-Duynefontein. E-Thyspunt isiseko sezakhiwo ezibalulekileyo kufuneka singaweli ukudibana kweZakheko ze-Goudini ne-Skurweberg. Ngaphezu koko, abukho ubungqina nabuphi bentshukumo yentabamlilo kutshanje phakathi kwenzila yazo naziphi iziza ezintathu ezicetywayo.

Uhlolo Iweempembelelo ezinokuthi zibe kho ngokuphathelene nobungozi besi sifundo asinqamananga kuphela nobungozi obuphathelene neenyikima kule sayithi, ngako oko ngokuphathelene nomgangatho wamanzi kule ndawo. Ulwazi olukhoyo oluphathelene nale sayithi luveza ukuba kukho ubungozi obungephi obuphathelene namatyne neeminerali, yaye akukho zinto zichasene nayo nayiphi na kwezi sayithi zintathu kwindawo ezingqongileyo.

### **Isifundo ngamanzi omhlaba**

Uhlolo Iwamanzi omhlaba luuke ubalo Iwamanzi, ukwakheka komhlaba womphezulu, ukubhola, uvavanyo lokumpompa, uvavanyo lokubopha imiqulu, uhlalutyo lwekhemikhali, ubalo lokumpompoza nomzekelo wothutho nokongamela. Inkqubo yokongamela amanzi omhlaba / imigxobhozo yenziwe ithuba leenyanga ezili-12 ukusuka ngoFebruwari 2010 kuzo zonke iziza.

Iimpembelelo ezinokuba kho zichongiwe kuzo zonke iziza ezintathu eziselunxwemeni kuquka ukhukuliseko ngamanzi omhlaba, ukuphelisa kweembangi zamanzi engingqi, ukwehlisa umgangatho wemigxobhozo, ukungcoliseka kwamanzi omhlaba, ukwehlisa umgangatho wezakhiwo zokusebenza ngokudleka nokungcoliseka kummandla oselunxwemeni. Ukwehlisa umgangatho wemigxobhozo okunokuba kho kuhloliwe kuhlolo lwengcali yemigxobhozo.

Uhlolo lugqibe kwelokuba zonke iziza ezintathu zamkelekile ngokokusngongileyo, apha uninzi Iweempembelelo zilinganiswe ziphantsi ngaphambi nasemva kokuthomalalisa. Ungcoliseko lokusasazeka kwemitha, nangona kunjalo, luchongiwe njengelokubaluleka okuphezulu phambi kokuthomalalisa, Iwehliselwa koluphakathi emva kokuthomalalisa (kusetyenziswa ukuyilwa kwe-reactor yenyukliya eyanelisa iimfuneko ze-NNR zethamo eliqhelekileyo lokusebenza lezinto ezikhutshwayo nalawulo lwengozi yezinto ezikhutshwayo). Uvakalelo lulonke lophuhliso Iweziza, ngokusekelwe kwimeko zamanzi omhlaba, lungendlela elandelayo:

- E-Duynefontein: Lephantsi ecaleni konxweme, uvakalelo luyanda ukuya phakathi kwelizwe;
- E-Bantamsklip: Lephantsi; yaye
- E-Thyspunt: Lephantsi ukuya koluphakathi, kodwa luphezulu kwimimandla yemigxobhozo.

Uvakalelo oluphantsi Iweziza lusekelwe ikakhulu kukuma kwazo kwimimandla yaselunxwemeni, apha amanzi omhlaba esekupheleni okanye kufuphi nendlela yawo yokumpompoza nezamkeli ezincinci zamanzi omlambo osinga ezantsi.

### **limeko zokusetyenziswa koxinzelelo Iwamanzi**

Kuzo zonke iziza kukho ingozi yezikhukula enokwenzeka kwiindawo eziphantsi ecaleni kwemida yeziza eziselunxwemeni xa kuthe kwakho umphakamo ophezulu ngokungahelekanga wamanzi. Ingxaki yezikhukula ikho kananjalo ngokuzala kweendawo ezombiwego ngexesha lesigaba sokwakha. Uhlolo luqinisekise ukuba ukunyuka komphakamo wolwandle okunokuba kho ngenxa yobushushu behlabathi kunokuba nesiphumo esincinci kwisikhululo samandla enyukliya esicetywayo. Ukutshintsha kwemozulu nako kananjalo kuya kuba nesiphumo esincinci xa kucingelwa ukungabi kho komlambo omkhulu kwiziza. Ngenxa yokuba luhuni kwemiphezulu kwiziza amanzi ezaqhwithi abaleka ngemithambo yaye azikho iincam ezilindelwego ukwanda malunga namaxa angama-25 ukuya kwangama-40 xa kuthelekisa neemeko phambi kophuhliso. Zonke iimpembelelo, nangona kunjalo, zingaphungulwa ngokuphumeza amanyathelo okuthomalalisa.

Ezona mpawu ziphambili ezohlula iimpembelelo ezinokuthi zibe kho kwiisayithi ezintathu ezichaseneyo ziphathelene ikakhulu nokuna kwemvula, ubukho bemigxobhozo ngokwamaxeshha onyaka kune neendlela ezingapelelwayo zokuhambisa amanzi. I-Thyspunt ineyona mvula iphezulu

kwakunye nemigxobhozo ngamaxesha athile onyaka kwakunye nomlambo ongenguwo owonyaka wonke. E-Duynefontein impembelelo enokuba kho yemigxobhozo yamaxesha athile onyaka inganeno ngenxa yokuba yeyona inemvula ephantsi yazo zontathu iziza. Imvula e-Bantamsklip iphezulu kunase-Duynefontein, kodwa azikho iimpawu zovakalelo Iwamanzi ezichaphazeleka ngqo okanye nayiphi imigxobhozo enovakelelo kwizinto eziphilayo neendawo zazo zokuhlala kummandla wobukho besikhululo. limpembelelo ngqo kumanzi eziza zonke ezintathu ngako oko zithathwe ziphantsi ukuya kweziphakathi ngokubaluleka.

### **Ukuhanjisa kwamanzi afreshi**

Akukho milambo okanye misinga ingaphelelwayo kuyo nayiphi isayithi kwezi zintathu zichaseneyo. Ukwakhwa nokusetyenziswa kwe-Nuclear-1 kuya kuthi kungabi nampembelelo ithe ngqo kwiindlela zokuhanjisa kwamanzi ngaphezu komhlaba. Ngaphezulu, njengokuba i-Nuclear-1 iza kuthi yakhiwe kwisayithi ezikunxweme apho amanzi avela phantsi komhlaba athi abe kufutshane nesiphele sendlela, ukusetyenziswa kwamanzi avela phantsi komhlaba okunokuthi kuchapazeleke ngqo yimithombo eselunxwemeni. Naziphi na iimpembelelo kule mithombo ziya kuba zezasekhaya.

Ukukhutshwa kwetyuwa kumanzi aselwandle kuchongwe njengeyona ndlela ilungileyo ekuhanjisweni okungaqinisekiswanga kwamanzi kuzo zontathu iisayithi ezichaseneyo. Ukukhutshwa kwetyuwa emanzini kuneyona mpembelelo incinane kokusingqongileyo yaye akunakuchatshazelwa lutshintsho lwemozulu.

### **Iimpembelelo zobume bomhlaba dunes -**

lindunduma kwisiza sase-Duynefontein ziqluka iindunduma ezinqamlezayo ezishenxayo, iindunduma ezinqamlezayo ezityalwe ngokuzenzela neendunduma ezizekelisayo zezityalo zendalo. Azikho iindunduma ezishenxayo e-Bantamsklip kodwa kukho iindundumba ezigqithisileyo neendunduma ezithile ezizekelisayo. Ezi ziqluka iindunduma ezinqamlezayo ikakhulu ezizinziswe ngokuzenzela ngezityalo zamanye amazwe. Amanzi aphuma phantsi komhlaba "awazonakalisi" iindunduma zeesayithi zaseDuynefontein okanye eBantamsklip. Ngoko ke, akukho zimpembelelo zinokuthi zibe kho neziphathelene nonxibelelwano phakathi kwamanzi aphuma phantsi komhlaba kunye namandla eendunduma kwezi ziza.

lindlela zokungena kunye neendlela zokuhambisa umbane zingakhiwa eDuynefontein naseBantamsklip, nezinokuthi zibe neempembelelo ezinokuthi zibe kho zokusetyenziswa ukusuka kweziphakathi ukuya kwezisezantsi ngokubaluleka. lindlela zokungena kunye neendlela zokuhambisa umbane eDuynefontein kananjalo zingakhiwa kwindawo yeendunduma elinyiwego nenohlaza oluziphumelayo nenempembelelo ezimbalwa ezibalulekileyo ezinokuthi zibe kho emsebenzini emva kokubiyyuselwa kwimeko yesiqhelo. Kuzo zombini ezi meko, isanti ehambayo kwindingqi yesakhiwo kungafuneka ukuba izinziswe. Umhlabo ongaphezulu neengqumba ezibekwe kwiindunduma ezishenxayo e-Duynefontein uya kuba neempembelelo zokusebenza eziphakathi ngokubaluleka. lingqumba ezinjalo ezibekwe kwiindunduma ezityalwe ngokuzenzela, iindunduma ezizekelisayo ezityaleke ngokwendalo e-Duynefontein okanye iindunduma ezinezityalo okanye iindunduma ezizekelisayo e-Bantamsklip ziya kuba neempembelelo zokusebenza eziphantsi ngokubaluleka.

Unxibelwelwano phakathi kwenkubo zesanti kunye nemigxobhozo ixandile kwisayithi yaseThyspunt, kuba amanzi aphuma phantsi komhlaba esonakalisa iindawo ezininzi ezinesanti kwindawo enesanti eshenxayo eOyster Bay ukubangela imigxobhozo. Kukho unxulumano phakathi kwesanti nemigxobhozo, amanzi aphuma phantsi komhlaba kunye namanzi angaphezulu komhlaba. Ngoko ke, nakuphi na ukuphazamiseka kwendawo enesanti eOyster Bay kungabangela iimpembelelo ezimandla kwimgxobhozo. Ngaphezulu, ngenxa yeendawo ezikuyo izakhiwo neendlela zokuhambisa, mhlawumbi iindlela zothutho, phakathi kwesikhululo senyukliya esisemazantsi kunye neyadi yeHigh Voltage esemantla, iimpembelelo ezsienokuba kho kubume besanti eThyspunt zisenokuba ngaphezulu kunezinye iisayithi ezimbini ezichaseneyo. Xeshikweni uninzi lweempembelelo ziya kuba zezokubaluleka okuphantsi ukuya kokuphakathi, ezinye iimpembelelo zokubaluleka okuphezulu (ngaphandle kokuthomalalisa) zingenyuka ngenxa yokwakhiwa kweendlela zokungena empuma nasentshona ukunqamleza iindunduma ezinezityalo, iintambo zothumelo neengqumba zezinto ezingafunwayo. Ukwakhwa okucetywa okokugqibela kwe-Nuclear-1 (kuquka neendlela kunye neentambo zombane), kunye nokusetyenziswa kwendlela echanekileyo yokwakha (umz. Ukusetyenziswa kweenqwelo-ntaka ukufakela iipali ezinkulu zombane kunye nokuzidibanisa,

ukubuyisela kwimo yesiqhelo kweendawo ezonakalisiwego, ukuncitshiswa kwenani leempembelo zeendlala ezakhiwayo njl njl.) kuya kufuneka kwensiwe ngentsebenziswano enkulu neengcali zokwakheka komhlaba nezemigxobhozo ukuqinisekisa ukuncitshiswa kweempembelo ezinokuthi zibe kho kwiindunduma.

### **Ingozi yokumpompoza kobutyobo, ukunyibilikisia nomonakalo weendlala kwiSiza sase-Thyspunt**

Ukusabela kwizimvo zabathathi-nxaxhaba abaliqela, uhlolo lwengozi yokumpompoza kobutyobo kwisiza sase-Thyspunt lwenziwe. Ukumpompoza kobutyobo kwenzeka kumathambeka amqengqezezi kudla ngokuqalwa ngamanzi. Uhlolo lugqibe kwelokuba akukho ngozi ibalulekileyo yokumpompoza kobutyobo kwisiza se-Nuclear-1 okanye iindlala zokungena, ngenxa yokuba amathambeka ommandla akakhuthazi ukumpompoza kobutyobo (oko kukuthi aekho mqengqezezi ngokwaneleyo). Indawo ekhethwayo ukwenzela i-Nuclear-1 isemazantsi eendunduma ezishenxayo esizeni yaye ngako oko kukho ingozi encinci yokunyibilika kwesanti (okanye imigxobhozo yentlabathi). Uphando olunzulu lwezikhukula kwiNdlela u-R330 lugqibe ekubeni iikholtbethi ezingaphantsi kwale ndlela zanele ukujongana noninzi lweziganeko zezikhukula kwibali lakutshanje, nangona ngamaxesha athile amanzi azala phezu kwendlala. Lindonga ezssemacaleni eekholbethi zonakala ngexesha lesikhukula sangoNovemba wama-2006 yaye kukhuthazwa ukuba ezi zilungiswe.

### **limpembelelo kumgangatho womoya**

Ngokubhekiselele ekulinganisweni kwenqubo yokuveliswa kombane kwi-Nuclear-1 kuzo zonke iisayithi ezichaseneyo, ubume bokukhutshwa komoya iya kufana kakhulu kuzo zonke iisayithi. Ezona mpembelelo zibalulekileyo nezinokuthi zibe kho kumgangatho womoya zingathi zivakale ngethuba lolwakhiwo, ngenxa yokuhanjisa kothuli kwimisebenzi yolkwakhiwo (ukucoca, ukugrumba, ukukrwela, iindlala, nj njl.) kune nokukhutshwa komsi ezimotweni nakwizixhobo. Limpembelelo zesigaba solwakhiwo ziyakubaluleka kakhulu ukuba akukho zindlela zakunciphisa ezi zilinganiselweyo zithi zisetyenziswe, koko ekunciphiseni ukufakelwa kwetha ezindlela nokuphunyezwu kwsicwangciso solawulo lobulunga bomoya.

Limpembelelo kwisigaba sokusebenzisa zizingcolisi-moya ezingasebenzisi mitha zicingelwa ukuba zimbalwa ngokubaluleka. Ngaphezulu, ngokubhekiselele kwiimpembelelo ezicingelwayo zokukhutshwa komsi ongenamitha nonemitha, iimpembelelo zokusebenzisa kuzo zonke iisayithi ezichaseneyo zingaba phantsi kwezikhkhelo ezsenthweni nezilinganiselweyo. Limpembelelo ezinokuba kho ngako oko ziyafana kuzo zontathu iisayithi ezichaseneyo ngokweempembeleo zobulunga bomoya yaye akukho sayithi ikhethwayo.

### **limpembelelo kwizityalo**

Kwezi sayithi zintathu, i-Bantamsklip iya kuba nezona mpembelelo zimbalwa kwizityalo, njengoko izityalo nandlalo kule sayithi ziyinto eqhelekileyo kummandla oselunxwemeni, kuxhomekeka ekubeni isikhululo samandla ombane sikwisiqingatha esiseMpuma, kude nefynbos nelitye elineeminerali. Ngokuphathelene neesayithi i-Thyspunt neDuynefontein, i-Thyspunt ukuba kuthi ga ngoku inezona zityalo zohlukeneyo, kuquka nezo zikwimigxobhozo enobugcalagcal, ngokukodwa eLangefonteinvei, empuma yesayithi. Ngoko ke, kwiisayithi ezintathu ezichaseneyo, i-Thyspunt iya kuba nezona mpembelelo zinokuthi zibe kho (o.k.u. yiyona, ilandelwe yi-Duynefontein (phakathi) ibe yiBantamsklip (eyona ikhethwayo). lindlela zokunciphisa ezicetyalo ziingcaphephe, ezifana nokukhangela nokusindisa ze kutshintshelwe kwenye indawo kwezityalo ezingqabileyo, ukubuyisela kwimo yesiqhelo kweendawo ezophazamisekileyo, ulawulo lwezityalo ezingeo zalapho ngokwendalo, ubuchule bokwakha, njl njl. ziyakhuthazwa ukunciphisa ukabaluleka kweempembelelo ezhichongiweyo nezinokuthi zibe kho.

### **limpembelelo kwimigxobhozo**

Ukwakhiwa okuthandwayo kweendawo zomatshini eDuynefontein kwensiwa kude kakhulu kwimigxobhozo enelona vakalelo luphezulu kwinxalenye esemzantsi-ntshona yesiza. Ukwenza umzekelo wamanzi omhlaba kungqine ukuba umsebenzi wokutsala amanzi uya kuba nengozi ephantse kule migxobhozo yendalo neyenziweyo kwisiza. Ngaphandle kokuthommalalisa, iimpembelelo ziphakathi ngokubaluleka. Ngokufanayo, ngenxa yendawo ethandwayo, uphuhliso IweNuclear -1 e-Bantamsklip alunakuchaphazela ngqo umlambo obaluleke kakhulu we-Groot Hagelkraal River nemitsitsi yamatambeka ayamane nawo nomzantsi wentlambo yemigxobhozo yamasebe. Iziphumo

zeempembelelo zichongwe ziphakathi ngokubaluleka yaye akunakungqanyaniswa nazo naziphi na iimpembelelo kwirkqubo zemigxobhozo. Xa zithe zancitshiswa, iimpembelelo kwisayithi azinakubaluleka kakhulu.

E-Thyspunt, ngaphandle kokuthomalalisa, uphuhliso lungaba nesiphumo esikhulu sokwehlisa umgangatho weenkqubo zomgxobhozo ezingachatshazelwanga yimpembelelo. Nangona kunjalo, ukongamela okongezelelwego kwamanzi omhlaba nomzekelo wamanani owenziwego uqjinisekise ukuba iziphumo ezibalulekileyo e-Langefonteinvlei zingathomalala, ngokusebenzisa iindonga ezifanelekileyo zokuvala ngexesha lokutsala amanzi omhlaba ukulgiselela ukwakha. Ngaphezu koko, ukuba i-Nuclear-1 yakhiwa kwesi siza, ummandla wolondolozo lwemigxobhozo kungafuneka wandiswe, nto leyo inokuzisa iimpembelelo ezelungileyo. Ngoko ke, ngokwemigxobhozo, ukuza kuthi ga ngoku, ezona mpembelelo zimandla zingenze ka eThyspunt, nezinokuthi zenze ukuba iBantamsklip naseDuynefontein zingabaluleki kakhulu (phakathi). lindlela zokunciphisa ezikhuthazwayo ziingcaphephe ekuthinteleni imigxobhozo okanye ngokunciphisa iimpembelelo zazo ezinokuthi zibe kho (umz. Ukuqwalaselwa okongezelelwego, ukuphumeza uyilo lwendawo yesidambisi sokukhupha amanzi evumela ulawulo lokwabiwa ngokutsha kwamanzi omhlaba akhutshiwego ukuya kwsidal samanzi, ukusebenzisa iindonga zokwenza umda ukujikeleza onke amacala endawo ekutsalwe amanzi kuyo, nokwenza ibrorho kwiindawo ezingqonge imigxobhozo, ezingenakho ukuphetshwa ziindela zokungena) kufuneka kuphunyezwe.

#### **iimpembelelo kwizilwanyana ezingahlali manzini**

Uninzi Iweempembelelo ezinokuthi zibe kho kwizilwanyana ziqhelekile kuzo zontathu iisayithi ezichaseneyo, nangona ubungozi bazo busenokwahlu ngokweesayithi.

E-Duynefontein ubungakanani bomhlaba ofumanekayo wophuhliso ongenalo uvakalelo oluphezulu kwizilwanyana zelizwe ukuba unqongophele, kodwa wanele ukuvumela i-Nuclear-1. Nangona kunjalo, uphuhliso lunokuba neempembelelo ngqo, ezingalunganga kwindawo yokuhlala yeziilwanyana zelizwe eziphakathi kwemimandla yesikhululo. Amathuba eendawo zolondolozo kwisia anqongophele ngenxa yokuba umhlaba sele ulawulwa njengenxalenye yolondolozo lwendalo.

E-Bantamsklip, ubungakanani bomhlaba ongenalo uvakalelo oluphezulu kwizilwanyana zelizwe ophakathi konxweme neNdlela u-R43 ofumanekayo ukwenzela uphuhliso mnni ngokwaneleyo ukuvumela uphuhliso Iwe-Nuclear-1. Inxalenye yepropati ngaphakathi kweilizwe kwiNdlela u-R43 inovakalelo oluphezulu kwizilwanyana zelizwe yaye kufuneka ungaphuhlisa kwaphela. lindawo ezinokuba nokubaluleka okuphezulu kulondolozo zinokuba kho e-Bantamsklip ukuba umhlaba ongaphuhliswanga ubhengezwa njengowokulondoloza indalo yaye ulawulwe ngempumelelo ngaloo ndlela.

E-Bantamsklip i-Nuclear-1 inganeempembelelo eziphe ngqo, ezingentle nezinokuthi zibe kho kwizilwanyana. Kanti, kusenokuba kho izilwanyanana ezivela kolunye uhlobo eBantamsklip, ukuba indawo engakhiwanga ichazwe njengeyolondolozo lwendalo, yaye ilwawulwa ngolo hlobo. E-Thyspunt, i-Nuclear-1 inganeempembelelo ezingentle ezinokuthi zibe kho kuba yeempembelelo eziphe ngqo kwizilwanyana kwezo ndawo, ukwakhiwa kwiindela ezimbini zokungena nezintsha, kune nemfuno yokwakha indawo esantini. lindlela zokunciphisa ezicetywe ukunciphisa iimpembelelo zazo ezinokuthi zibe kho (umz. Imisebenzi yokukhangela nokusindisa phambi kokugaliswa kokwakhiwa, ukufakelwa kxesixhobo sokulumkisa iintaka ngeentambo zombane, ukusetyenziswa kwezibane ezifanelekileyo zangaphandle, uyilo olchanekileyo locingo, ukusetyenziswa kweendlela ezifanelekileyo zokwakha nokusebenzisa njl njl.) kufuneka zisetyenzisiye ukunciphisa iimpembelelo ezinokuthi zibe kho. Ngokufanayo nase-Bantamsklip, iimpembelelo zokubaluleka okuphezulu ezinokuba kho zolondolozo lwendalo zinokuba kho e-Thyspunt ukuba umhlaba ongaphuhliswanga unokubhengezwa njengowokulondoloza indalo yaye ulawulwe ngempumelelo ngaloo ndlela.

#### **iimpembelelo kwizilwanyana ezingahlali manzini**

Iimpembelelo ezinokuba kho kwsikhulo esicetywayo samandla ombane se-Nuclear-1 kwizilwanyana ezingahlali manzini ziyafana kakhulu kuzo zontathu iisayithi, yaye ngokungamandla zinxulumene ngqo nokutshabalalisa iindawo zokuhlala zeziilwanyana nezityalo neziphili zenginqi, ngokubangwa kukukhanya kokuzenzela nokuba kho kokusasazeka kweentlobo ezihsaselayo zamanye amazwe. Kukho iindawo ezohluke ngazo ngokwesayithi nganye ezifumaneka kwisia gasinye.

Akukho mabhabhathane ekulindeleke ukuba afumaneku kummandla we-Cape Flats Dune Fynbos ongqonge i-Duynefontein, asemngiphekweni yaye ngawalapho. lindawo ezingenaluuhlaza okanye ezingenaluuhlaza ngokupheleleyo zale sayithi zichongwe njengezinobugcalagcala obubobona buncinane nezinobuncinane ngokulandelelana kwazo. I-Duynefontein ithathwa inelona vakalelo lumphantsi kuzo zonke iziza ezintathu ezitshintshanayo. Nangona uhlobo olungachazwanga lwembovane lufunyenwe kwesi siza, luhlobo olufumaneka ngokubanzi olunokuba kho kwiqela lemimandla ehlukeneyo.

I-Bantamsklip inelona nani liphantsi lobutyebi beentlobo kodwa ithathwa ngokuthi inelona thuba liphezulu lweentlobo ezinqabileyo, eziisoloko zikho nezisagcine uhlobo lwazo lwamandulo lwezilwanyana ezingenawo umqolo. Ngaphezu koko, ukubhaqwa kwasigcawu esitsha esibizwa i-mygalomorph neentlobo ezintsha zembovane (nangona kucingwa ukuba oku kokuqhelekileyo ngokubanzi), kuthetha ukuba i-Bantamsklip ithathwa inovakalelo oluphezulu kupuhhliso kuzo zontathu iziza ezitshintshisanayo.

I-Thyspunt inawona mabhabhathane ohlukeneyo ngandlela zonke ikwanexabiso lokuwalondoloza kunezinye iisayithi ezichaseneyo. Oku kuye nobukho beentlobo ezininzi zeembovane kuye neentlobo ze-Onchyophoran kubonisa ukuba i-Thyspunt inexabiso elibalulekileyo kulondolozo lwendalo. I-Thyspunt ichongwa njengenobugcalagcala kuneDuynefontein, yaye ingaphantsi nje kancinci kuneBantamsklip.

Ezi sayithi xa zithelekiswa ngokobugcalagcala obukhulayo nokufaneleka, kuqala i-Duynefontein, kulandele i-Thyspunt, ze ekuggibeleni ibe yi-Bantamsklip. Ngokweempembelelo ezinokuthi zibe kho nezilungileyo, i-Duynefontein sele ixhamla kwizibonelelo phantsi kolawulo lukaEskom, nto leyo ithetha ukuba iya kuba neyona nkqubela incinane kwezolondolozo. I-Bantamsklip neThyspunt, kwelinye icala, zingaxhamla kakhulu ekuzuzeni iwonga elikhuselwé ngokusesikweni. Ngoko ke, Thus iprojekthi ecetywayo inganeempembelelo ezlungileyo kwizilwanyana zaseBantamsklip okanye zaseThyspunt.

### **Iimpembelelo kwisifundo nezaselwandle**

Iimpembelelo zobume besifundo esinokuthi sibe kho ngezaselwandle bunempembelelo ziyanfana kuzo zonke iisayithi ezichaseneyo. Ngokunokwenzeka, ezona mpembelelo zibalulekileyo kukuhlutshwa kwemeko yezaselwandle ngokuthi kulahlwe izinto elunxwemeni, nangokukhutshwa kwamanzi okupholisa afudunyeziwego. Uphazamiso luya kwayanyanisa nokulahlwa kwezinto ezingafunwayo elwandle. Ukuthomalalisa iimpembelelo kwizinto eziphilayo neendawo zazo zokuhlala kuye neembaza e-Bantamsklip ne-chokka squid e-Thyspunt, kukhuthazwa ukuba izinto ezingafunwayo zilahlwe kuphela kwiindawo ezzinzulu kude nonxweme. Isantya esiphakathi sokumpompa kufuneka kananjalo sisetyenziswe e-Thyspunt. Ukulahlwa kwezinto ezingafunwayo kuya kuba nempembelelo encinci kwi-chokka squid e-Thyspunt xa kuthathelwa ingqalelo indawo ebanzi apho ezi ntloblo zibekela amaqanda khona. Ngaphezu koko, yinxalenyne encinci nje elotyiwego ethathwayo kwindawo ekulindeleke ukuba ichatshazelwe kukulahlwa kwezinto ezingafunwa.

Ukufudunyeza kwamanzi olwandle kuya kuthomalaliswa ngokuyilwa kweetonela zenkqubo yokukhupha kwiindawo ezininzi zokukhupha ukunceda ukusasaza ubushushu obuggithisileyo. Amanzi aya kukhutshwa ngaphezulu komzantsi wolwandle ukunciphisa iziphumo kokusingqongileyo okuphila ezzizulwini zolwande (i-benthic) ngokusebenzisa isantya esiphezulu sokumpompoza kwiindawo zokukhupha ukwandisa ukuxubana namanzi aphotileyo. Xa kucingwa nge-chokka squid ekunokwenzeka iphephe amaqondo obushushu amanzi angaphezulu koluhlu lokunyamezela ubushushu, indawo eqikelelwa ukuba iyachaphazeleka kukunyuswa kweqondo lobushushu bamanzi imele indawo enganeno kwepesenti yendawo yokubekela amaqanda elunxwemeni.

Ngokwaselwandle, akukho ikhethwa ngokucacileyo. Zonke iisayithi zinganemigangatho efanayo eempembelelo ezingentle, yaye iimpembelelo kuzo zonke iisayithi zinga ncitshiswa ngokwaneleyo ukuba uyilo olucetywayo lumphunyeza ngendlela olucwangciswe ngayo.

### **Iimpembelelo kwisifundo sazaselwandle namaza amakhulu ngaselunxwemeni**

Nangona esona sakhiwo siphambili se-Nuclear-1 siya kwakhiwa ubuncinane iimitha ezili-10

ngaphezulu kwesiseko solwandle, isakhiwo esingqameneyo esifana nesokungenisa nokukhupha amanzi okupholisa, kunye nokukhutshwa okonokuthi kube kho kwenkunkuma, zingaba neempembelelo kwiimeko zaselwandle.

limpembelelo ezinokuba kho zezaselwandle eziphathelene nolwakhiwo zilindeleke ukuba zifane kwisayithi nganye echaseneyo, zontathu ezi sayithi zikulungele ukwakhiwa kwe-Nuclear-1. Kanti, ukuba i-Bantansklip ithe yakhethwa, uhlalutyo luqinisekise ukuba intenga yeengceba idla ngokubonakala ngamanye amaxesha e-Dyer Island. limpembelelo zokulahla izinto ezingafunwayo kumaza amakhulu ngaselunxwemeni e-Thyspunt ziya kuba ncinci, ngokucinga ukuba kusetyenziswa isiza esinzulu saselwandle, njengoko kukhuthazwa (ngokuchasene nezinye iziza ezingekho nzulu). Ukwenza umzekelo wokuhamba kwentlabathi kubonisa ukuba izinto ezingafunwayo azinakufika emantla ukuya kude kangangase-Jeffreys Bay yaye ngako oko azinakuba nempembelelo kwiimeko zamaza angaselunxwemeni apho. Kananjalo ziya kunqongophala kakhulu iimpembelelo kwimeko yamaza akufuphi ne-St. Francis.

Uhlalutyo losasazo Iweengceba ezirhabaxa ezibhudlw lulwandle (i-plume) ezishushu kwisiza ngasinye lubonisa ukuba kukho usasazeko olungathandekiyo Iweengceba ezishushu e-Thyspunt, apho iingceba zibonwa zibambelele kumzila oselunxwemeni yaye zingekho nzulu kufuphi nemimandla yaselunxwemeni. E-Bantamsklip, ukusetyenziswa komjelo wokulahla okufuphi nonxweme kuya kwenza iingceba ezishushu ezibonakalayo kunezo ezilahlwa ngomjelo wetonela olahla kude nonxweme yaye ngenxa yeso sizathu indlela yokuggibelaa ithathwa ilukhetho oluthandekayo. Eyona ndlela inobuchule yokulahla iingceba ezishushu iya kwenzeke e-Duynefontein. Nangona kunjalo, usasazeko Iweengceba luthathwa lwamkelekle kuzo zonke iziza eztshintshanayo.

Ngokweempembelelo ze-Nuclear-1 ngokwazo, ezi zingaphakama ukusuka kuhukuliseko ukusuka elwandle nokuphazamiseka kokuthunyelwa kwamanzi okupholisa. Ngenxa yobunzulu noyilo Iweendawo zokufaka amanzi, uphazamiseko lokunikelwa kwamanzi okupholisa aluthathwa lunokuba yimpembelelo nakwesiphi seziza. Ukuba i-tsunami idibana neemeko ezigqithisileyo zemozulu (isiganeko semozulu yetsunami), imiphakamo yamanzi ingaggitha umphakamo ocetyiweyo. Nangona kunjalo, ukwenzeka kwetsunami kungeke kwenzeke xa kuthathelwa ingalelo ingozi ephantsi yentshukumo yenyikima kulwandlekazi olujikelezileyo.

### **limpembelelo zoqoqosho**

limpembelelo ezilungileyo zezoqoqosho zizonke ziya kuba ninzi eBantamsklip naseDuynefontein, ze zibe mbalwa eThyspunt, njengoko iisayithi ezimbini zokuqala zibekwe kwiphondo elinoqoqosho olohlukeneyo nolunecomekayo. I-Nuclear-1 ingakkhelela ekusuusweni okungaphantsi kwemisebenzi yezoqoqosho (ubonelelo Iwezinto ezifunekayo zokuhambisa i-Nuclear-1 nokugcina ingeniso yekhaya esetyenziswe phakathi kwephondo) ukuba ibekwe eDuynefontein, kunenye yezi sayithi zimbini. Izibonakaliso zezoqoqosho olukhulu ngako oko zivumela i-Duynefontein neBantamsklip.

Kanti, uhlalutyo lokuhambelana namaxabiso lubonakalisa ukuba i-Thyspunt ingaphezulu kancinci kuneDuynefontein, yaye ingaphezulu kancinci nakuneBantamsklip.

Uhlolo Iweempembelelo zezoqoqosho lunikezela ngomsebenzi omkhulu kuhlalutyo lokuhambelana namaxabiso. Oku kuvumela i-Thyspunt, ilandelwe yi-Duynefontein neBantamsklip. Nangona kunjalo, iimahluko phakathi kweziza eztshintshanayo mincinci (ngokobulumko ngepesenti), yaye zonke iziza bezinokuba neempembelelo zoqoqosho ezilungileyo kumazinga esizwe, engingqi nawephondo. Mncinci kakhulu umahluko weendleko phakathi kwe-Thyspunt ne-Duynefontein. Nangona kunjalo i-Bantamsklip inokuba sisi-R6.38 seebhiliyon i ngaphezulu ngexabiso ukupuhlisa kune-Thyspunt, engange-R5.8 yeebhiliyon i ngaphezulu ngexabiso ukupuhlisa kune-Duynefontein.

### **Impembelelo zasekuhlaleni**

Ngokwasekuhlaleni, eyona mpembelelo inokuba kho nebalulekileyo nenokuvela kwisikhululo sombane iphathelele kwindawo yokuhlalisa abasebenzi bexeshana, ngethuba lokwakha. Ukuba nokwenzeka kokungungelana kwabantu abafuna imisebenzi nako kukwayinyani. Abasebenzi abangxungxileyo, bedibene nabantu abangungeleneyo bengafumenanga misebenzi, banganeempembelelo ezininzi ngokwasekuhlaleni. Oku kuquka, phakathi kwezinye, unquzulwano kunye noluntu lwasekuhlaleni, ukhuphiswano ngomsebenzi (ukwanda komngcipheko wezifo ezosulela ngesondo, kunye

nokukhululelwokungafunwayo nokukhokhelela kubantwana abangenayise). Ukwanda kubundlobongela nakwezinye izinto ezingekho mthethweni ezinokuba kho nazo azinakushiywa ngaphandle.

Eyona mpembelelo ilungleleyo inokuba kho ngokwasekuhaleni kukunikezelwa kombane kunye nonxulumano Iwayo noqoqosho ngokubanzi ngokwesizwe nangokwengingqi ngokomsebenzi wexeshana, amathuba oshishino Iwasekhaya (ii-SMME), kunye nophuhliso Iwezakhono olunokuthi lube kho ngethuba lolwakhiwo. Ukabaluleka nokulandeleta ziphakamile ngokubhekiselele kumazinga aphakamileyo endlala nentswela-ngqesho nezibonakalisa ubume bezentlalo kuzo zontathu ezi sayithi. Umgangatho wokuvulwa kwamathuba engqesho ekhaya ngethuba lokhwakhiwa ungabonwa ulngile, kuxhomekeka kumgangatho wokusetyenziswa kwabasebenzi basekuhlaleni ngethuba lenkqubo yokwakhiwa, nasekuqinisekiseni owona mgangatho uphezulu weemeko zabasebenzi.

Eyona mpembelelo ixakayo nenokwenzeka iphathelene kubungozi obunokuba kho obupathelene neemeko zenyukliya. Ngokwsekuhaleni, ubungozi ngamava ayinyani afunyanwa nguye wonke ubani, ngeendlela ezohlukeneyo. Ubungozi obucingelwayo bungakhokhelela kutshintsho kwindela abantu abazibona ngayo izinto, nokunothi kutshintshe indlela abaziphethe ngayo. Kubaluekile ke ngoko ukuqinisekisa ukugqithiselwa okukuko kolwazi oluchanekileyo ukuze unxibelewano lukwazi ukohlula phakathi kobungozi obucingelwayo kwanobo buyinyani.

#### **Iimpembelelo ezibonakalayo**

Ngenxa yobungakanani besikhululo senyukliya nendawo esikuyo esekuhleni, engenamithi elunxwemeni, aphoonukho ukubonakalsa okulinganiselweyo kweendidi zomhlabo. Iimpembelelo ezibonakalayo nezinokuba kho kwezi sayithi zintathu zingabaluleka. Isikhululo samandla siya kubonakala ukusuka kwi-5 km, yaye isibane esibomvu phezu kwepali yenzululwazi ngemozulu ukusuka ngaphezulu kwe-10 km<sup>4</sup>. Nangona kunjalo, imbonakalo yeepali iya kuxhomekeka kwimeko zemozulu ezinamafu/ iimeko zenkungu ezsitha imbonakalo yeepali. Ngaphandle kweempembelelo ezinokuba kho kubahlali, iimpembelelo ezibonakalayo zingachaphazela iindwendwe kuloo mmandla. Iimpembelo zingancitthiswa ngokuthatha amanyathelo okuthomalalisa acetywayo ziingcaphephe (umz. Umbala wezakhiwo ezikhulu, ukusetyenziswa kwezikrini, ukusetyenziswa kwezikhanyisi ezifanelekileyo, ukubekwa kwindawo efanelekileyo kwendawo yokulahla inkunkuma ephuma xa kugrunjwa, njil njil.)

#### **Iimpembelelo yezelifa**

Zontathu ezi sayithi zinembali abalulekileyo, kuba zikwiindawo ezaziwa ngokuba zibalulekile ngokweemfuno ze-archaeology neze-palaeontology. Umyinge wesikhumbuzo sakudala oya kuthi uchatshazelwe eDuynefontein, uya kuba ngaphantsi kakhulu kunalowo waseBantamsklip naseThyspunt. Kanti, i-Duynefontein inobugcalagcalo ngokupathelene ne-palaeontology. Inkqubo equakayo yokuthomalalisa (yokomba) inokuba nenzudo yezenzululwazi njengoko inokuvumela ukuqokelelwokungafunwayo nokuphononongwa kweefosil ze-Caenozoic kwimingxuma enzulu yesikhululo samandla esicetylwayo.

E-Thyspunt, womabini amafa obuzwe e-archaeology ne-palaeontology achumile, amele uluhlu olubanzi kakhulu Iwazinto, ezo uninzi Iwazo lulondolozwe kakuhle kakhulu. Ukuuthomalalisa iimpembelelo e-Thyspunt kuya kuba nzima kakhulu ngenxa yeengxaki zokufikeleleka, ezinokuba nempebilelo kwinkqubo yokwakha i-Nuclear-1. Ngaphandle kweenqubo zokuthomalalisa ezinde nezimbaxa, izinto ezininzi ze-Pleistocene palaeontology ne-archaeology ziya kulahleka ngexesha lokwakha. Ngaphezu koko, iimpawu zentlango zale nxalenye yonxweme zibalasele yaye zenza igalelo eliphathekayo kuphawu Iwenqila, elinegalelo kwisigqibo sokuba i-Thyspunt ithobelinkcazo 'yeMbonakalo yeNkcubeko' phantsi kwe-UNESCO World Heritage Convention.

I-Bantamsklip ipphantse ibe nobugcalagcalo njengeThyspunt ngokubhekiselele ekutyebeni kwesikhumbuzo sayo. Kanti, iindlela zokunciphisa ziya kuthi zibe sethubeni elihle lokuphumelela eBantamsklip, njengoko iisayithi zesikhumbuzo zibonakala kakuhle yaye zifikeleleka kule sayithi.

<sup>4</sup> The EIR has recommended that SODAR technology, which does not require a mast, should be used.

Nangona kunjalo, ulondolozo nomthamo weziza ze-archaeology e-Thyspunt lubalasele, ukuthomala Lisa kuya kuthatha ixesha elide, kube zindleko yaye kufune imithombo yoncedo enzulu, efuna ukuya kutsho kwixesha lonyaka phambi kokuqalisa ngokwakha.

Iimpembelelo kumafa obuzwe enkcubeko yoluntu nembonakalo-mhlaba ngako oko ziya kabaluleka nangakumbi e-Thyspunt kunase-Bantamsklip okanye e-Duynefontein. Ngenxa yesi sizathu, i-Thyspunt iqwalaselwa ukuba sesona sithandwa kancinci ngokwembono yamafa obuzwe.

### **Iimpembelelo zezolimo**

Kukho imveliso ekhoyo yezolimo kuzo zontathu ezi sayithi zichaseneyo. Lindidi zeemveliso zezolimo zohluka kakhu, uumandla ongqonge i-Duynefontein ixubile ngokuphathele kwimfuno nolimo, kuquka ulimo lwengqolowa nediliya. Ukuveliswa kweemveliso zobisi kuko okuphambili kwisayithi yase-Thyspunt, ze ukulinywa kwentyatyambo i-fynbos ibe kuko okuxaphakileyo eBantamsklip. Umandla ongqonge i-Bantamsklip nawo unayo imveliso yobisi, iinkomo, iigusha nezinye izilwanyana zasendle.

Eyona nzuso inkulu ngokubhekiselele ekunusweni okucingelwayo kwemveliso yezolimo ngenxa yokwanda kwemfuno yeempahla zolimo ingase-Thyspunt, ilandelwe yi-Bantamsklip (enokwanda okuncinci kwemveliso), kuze i-Duynefontein (nengenakukhula kwimveliso). Ezinye iimpembelelo ezinokuthi zibe kho neziphambili zesikhululo samandla ombane kwezolimo, ingakukukhutshwa kothuli ngethuba lolwakhiwo (phambi kokugqitywa kokufakwa kwetela kwiindlela ezingenayo) Kunye nokunqongophala okunokuthi kube kho kwabasebenzi kwezolimo. Ezi mpembelelo ezingalunganga zexesha elifutshane zithathwa zikokona kuphantsi ukubaluleka kweempembelelo e-Duynefontein, ilandelwe yi-Bantamsklip (ukubaluleka okuphantsi) ne-Thyspunt (ukubaluleka okuphakathi). Xa kuthathelwa ingqalelo yenyaniso yokuba iimpembelelo ezingalunganga ngokubanzi zezexesha elifutshane kuneempembelelo ezelungileyo, ngokombono wemveliso yezolimo i-Thyspunt yisayithi ekhethwayo, njengoko imveliso yezolimo isenokukhula kule sayithi, yaye ilandelwe yi-Bantamsklip kuze i-Duynefontein.

### **Iimpembelelo zezokhenketho**

Uluntu IwaseThyspunt naseBantamsklip luvakalise ukuchasa kwesikhululo esicetywayo samandla enyukliya. Uluntu IwaseThyspunt luvakalise indawo ebonakalisewo yezendalo ekupheleni konxweme, ze uluntu IwaseBantamsklip Iwagxininisa kubume obu-ethe-ethe nobutsha bemveliso yezokhenketho ephuhlayo, Kunye nemeko yoxhomekeko. Ngeli lixa abanye ababandakanyeka kukhenketho eDuynefontein bechasene nolwakhiwo nokusetyenziswa kwesinye isikhululo zamandla enyukliya, bayaluqonda ushishino olukhulayo olunokuthi lube kho yaye behuthaza ukuqwalaselwa kokhenketho.

Uhlolo Iweempembelelo zokhenketho zithelekelele ukuba kuya kuba kho impembelelo engephi enokuthi ibe kho eDuynefontein ngethuba lolwakhiwo. I-Bantamsklip icingelwa ukuba ibe ne-5 % yempembelelo ezokuthi ibe kho nelungileyo ngethuba lolwakhiwo, ze i-Thyspunt icingelwe ukuba ibe ne-7.86 % yembelelo engentle kwezokhenketho ngethuba lolwakhiwo. (ngenxa yemalike ethile yangoku yeholide ingabuyekezwu ngokupheleleyo luhlumo lorhwebo kwezokhenketho e-Thyspunt). Ngethuba lokusetyenziswa, i-Duynefontein ilindeleke ukuba ibe ne-1.43 % yembelelo ekuphuculweni kwezokhenketho, i-Bantamsklip icingelwa ukuba ibe ne-8.57 % enokuthi ibe kho ekuphuculweni, ze i-Thyspunt icingelwe ukuba ingabinampembelelo inokuthi ibe kho. Onke la manani athabathela ingqalelo ukwehla kukhenketho olusekelezwe kwimdalo, nokunyuka kukhenketho olusekelezwe kwezorhwebo, nolubhekiselele kwesikhululo esicetywayo samandla.

Uhlumo olukhawulezayo Iwecandelo lokhenketho kummandla okufuphi ne-KNPS ukusuka ekuvulweni kwayo nokwanda kweshishini lokhenketho e-Lephalale (ngenxa yokwakhiwa kwe-Medupi Power Station) kucebisa ukuba ukhenketho nesikhululo samandla zingaphila Kunye. Amava afanayo abe sisiphumo sokusebenza kwezikhululo zamandla enyukliya eYrophu.

### **Iimpembelelo zengxolo**

Uninzi Iweempembelelo zengxolo ezinokuthi zibe kho ngokwesikhululo samandla ombane esicetywayo nezingqamene nesikhululo samandla enyukliya esicetywayo, zimbalwa yaye azibalulekanga kakhu. Ngenxa yeendlela ezinde phakathi kwesikhululo samandla ombane

esicetywayo kunye nomda ophakathi kwesakhiwo sikaEskom, akuyi kuba kho zimpembelelo zinokuthi zibe kho zengxolo kwindawo engqonge nayiphi na isayithi echaseneyo ngethuba lolwakhiwo okanye ukusetenziswa kwe-Nuclear-1. I-Open Cycle Gas Turbine (OCGT) akusacetywa ukuba ibekwe ngaphakathi kweYadi ye-HV kodwa ngaphakathi kwesakhiwo sesikhululo samandla e-Thyspunt (siso kuphela isiza ekucetywe ukuba sibe ne-OCGT) yaye ngaloo ndlela azikho iimpembelelo zengxolo ezibalulekileyo ezayamaniswa nokusebenza kwaso eziya kwenzeke kwiindawo zokuhlala zefama ekufuphi. Akukho zindlela zizodwa zokuncitshisa kwengxolo eziya kuthi zifuneke.

Akukho mpembelelo yangxolo ingqamene nokwakhiwa kweendlela ezintsha kwiisayithi ezichaseneyo ilindelekileyo, ngaphandle kwendawo yokungena esentshona eya eThyspunt, aphi iya kuggitha kuma-230 eemitha nje zelokishi yaseUmzamowethu. Amanyathelo okunciphisa aquka ukusebenzia iinkqubo zokwakha noomatshini abakhupha amazinga aphantsi engxolo, ukuphumeza inkqubo yokukhawuleza ukuggiba inkqubo yokwakha ngelona xesha lifutshane linokwenzeke yaye umsebenzi wokwakha kufuphi neendawo zokuhlala uya kwensiwa kuphela ngamaxhesa aqhelekileyo asemimi ngeeyure zomsebenzi. Nangona ukuthutha iimpahla nezixhobo zokusebenza ukuya kwisia kuya kudala ingxolo kwiindawo zokuhlala ezikufuphi ngasezindleleni zokungena, amazinga engxolo akanakuba phezulu ngokwaneleyo ukufuna amanyathelo okunciphisa. Ukuthuthwa koomatshini abanzima zizithuthi ezhamba ngokucotha kakhulu ngenye indlela zingadala impembelelo yengxolo ephakathi ngobunzulu kodwa eyexesha elifutshane kwizindlu zokuhlala ezikumgama ophakathi kwe-1 km weendlela. Kukhuthazwa ukuba abahlali banikwe isaziso phambi kokuba naluphi uthutho olunjalo lwenzeke.

### **Impembelelo kwiinkqubo zothutho**

Isayithi yaseDuynefontein ayifuni kulungiswa kuya phi kweendlela zothutho ngethuba lolwakhiwo nokusetyenziswa kwe-Nuclear-1, ngokubhekiselele ekudibaneni kweendlela kunye nothutho lwemithwalo enzima. I-Bantamsklip inempembelelo ebalulekileyo kuthutho nethi ibe nemfuneko yokulungiswa ukulungiselela iimeko zongxamiseko zokuhambisa. Ngenxa yendawo ekuyo nekhethekileyo isayithi yase-Bantamsklip, ukuthuthwa kwemithwalo enzima ngendlela kuya kufuna ukulungiswa okumandla kweemeko zothutho, nokuya kuthi kube nempembelelo enku kwiindleko. Ngokwembono yezinto eziphilayo, ukwakhiwa kwamalungiselelo okumisa elwandle ukwenzela isikhephe semithwalo enzima eza kwisia kuchithiwe njengenyi indlela yothutho. I-Thyspunt idinga ukulungiswa ngokuphathelene neendlela ngokubhekiselele kuthutho lukawonke-wonke kunye neendlela zokungena ngethuba lolwakhiwo. Oku kulungiswa kukwanefuthe kwiindleko zolwakhiwo lwasikhululo samandla ombane kule sayithi. Kufuneka kuqatshelwe ukuba inguqu ebalulekileyo ukusuka ekupapashweni kwe-EIR eYilwayo yeyokuba indlela yokungena yezithuthi ezinzima ukujikela e-Humansdorp ichongiwe. Ngenxa yeso sizathu izithuthi ezinzima zokwakha ezingena kwisia sase-Thyspunt akunakufuneka zihambe phakathi kombindi wase-Humansdorp.

### **Iimpembelelo zenkunkuma yenyeziyo nengeziyo eyenyeziyo**

Ulawulo lwenkunkuma yokwakha (inkunkuma eqhelekileyo neyingozi kodwa hayi esasaza imitha) nokuthommalalisa iimpembelelo kuya kalandela iinkqubo ezisemgangathweni eziya kuchazwa kwi-Construction Environmental Management Plan.

Uhlaziyo lweziza zenkunkuma ezikufuphi neziza zase-Duynefontein, e-Bantamsklip nase-Thyspunt lubonise ukuba kukho umthamo owaneleyo wokulahla kummandla wezi ziza. Kufuneka kungenwe kwizivumelwano zexesha elide nablawuli bezi ziza ukufumana isithuba sokulahla. Ithuba elinokuba kho lokuelisa kwakhona ngenkunkuma yokwakha neyokusebenza (izinto ezingasasazi imitha) liya kufuna ukuhlola ngocoselelo njengoko inkunkuma esasaza imitha nengasasazi imitha kufuneka igcinwe ngokwahlukaneyo. Kwesi sigaba kucingwa ukuba ukwahlukanisa iqhezu elisasaza imitha kucela umngeni yaye kungenza ukuelisa kwakhona kungasebenzi ngobuchule yaye kubize.

Ulawulo lwenkunkuma esasaza imitha kufuneka kwenziwe ngokwemigangatho emiselweyo yi-International Atomic Energy Agency, elandela eyona nkqubo ilungileyo yezizwe. Isiza seNkunkuma yeNyukliya sase-Vaalputs sinomthamo wokujongana nenkunkuma eyongezelweyo esasaza imitha yezinga eliphantsi neyezinga eliphakathi eya kuveliswa yi-Nuclear-1 yaye sithathwa njengesiza esikhuselekileyo nesilawulwa kakuhe. Inkunkuma esasaza imitha yezinga eliPhezulu iya kugcinwa kwisia (njengoko isisiqhelo kwi-KNPS) kude kube indawo yoncedo egunyazisiweyo yokulahla

inkunkuma yezinga eliphezulu iyafumaneka eMzantsi Afrika. Oku akunazo naziphi iingozi, ngokuxhomekeke ekubeni inkunkuma yezibaso ezisebenzileyo igcinwa phakathi kwendawo ekhuselweyo ngokweendlela zolawulo ezamkelwe yi- NNR.

### **lingozi empilweni yoluntu**

Ngokuxhomekeke ekubeni imida yomthetho yeNNR ithotyelwe, yaye uEskom angabonisa iNNR ukuba uyilo Iwe-Nuclear-1 ecetywayo alunakudlula ezi zithintelo ezisemthethweni njengenxalenye yenqubo yokusebenza yeNNR, ngako kufuneka kungabikho mpembelelo empilweni yoluntu ngexesha eliqhelekileyo lokusebenza. Esi siphumo sixhaswa luhlololo lobulunga bomoya, olufumene ukuba amazinga asemoyeni e-radionuclide angasezantsi kangangokuba kungabikho siphumo empilweni yoluntu.

### **iimpembelelo zokusabela kwingxakeko**

Ngokwembono yokhuseleko, isiza sicingelwa sisesamkelekileyo ukuba kukho izisombululo zobuchwepheshe kwiingxaki zesiza ezinika isiqinisekiso sokuba i-injini ecetywayo ingakhiwa yaye isebeenze ngengozi ephantzi ngokwamkelekileyo kubahlali benqila. Uhlolo lubonisa ukuba zonke iziza ezintathu ziya kuba neempembelelo ezilinganayo ngokubaluleka yaye zonke iziza ezintathu zithathwa njengezamkelekileyo. Ngaphandle koku, isiza sase-Duynefontein singacingelwa singaphantsi kancinci ngokufaneleka kunezinye iziza ezibini ngenxa yabahlali abaninzi abasingqongileyo. Ukuhambelana neemfuno ezintsha ezamkelwe kutshanje ze-European Utility Requirements (ezo isikhululo samandla senyukliya esicetywayo kufuneka sakhiwe ngemimiselo yazo), kufuneka ingabikho okanye ibencinci imfuneko yamancedo engxakeko (umz., ukufudusela) ngaphaya kwama-800 m ukusuka kwi-reactor. Indawo yesicwangciso sengxakeko yama-800 m ingabonelelwa ngaphakathi kwepropati kaEskom kuzo zonke iziza eztshintshanayo.

### **Ulawulo Iwesiza nokungena**

Ngokubanzi, iimpembelelo eziya kufunyanwa kuzo zonke iziza ezintathu, ngamaqondo ahlukahlukaneyo, luthintelo lokufikelela koluntu nokhuselo oluphuculweyo Iwemekobume phakathi kwemida ebiyelweyo.

Yonke impembelelo yothintelo lokufikelela kwisiza ngexesha lokwakha nokusebenza icingelwa iyeyokubaluleka okuphantsi ukuya kokuphakathi ngaphandle kokuthomala Lisa kuzo zonke iziza ezintathu. Oku kungenxa yokuba:

- Ukufikelela e-Duynefontein sele kulawulwa kakhulu ngenxa yokuba isiza siphakathi kwemida ekhoyo ye-KNPS. Ngenxa yokusondela kwaso kwi-KNPS, isiza asaziwa siyindawo ebalulekileyo yokufikelela elunxwemeni luluntu ngeli lixa.
- Isiza sase-Bantamsklip sibiyelwe ngoku yaye asifikeleleki ngokusemthethweni kuluntu ngokubanzi njengoko siyipropati yabucala kaEskom. Kucingelwa ukuba ufilelelo kwisiza nakwiNdlela u-R43 ebekwe phakathi kwesiza luya kugcinelwa uluntu.
- Isiza sase-Thyspunt sibiyelwe ngoku yaye asifikeleleki ngokusemthethweni kuluntu ngokubanzi njengoko siyipropati yabucala kaEskom.

Uphuhliso Iwesiza sase-Bantamsklip luya kuba nempembelelo enokuba luncedo ngokubonelela ngolawulo olungqongqo Iwabazingeli beembaza abangekho mthethweni.

### **Transmission Integration**

Ukuze umbane oveliswa sisikhululo samandla enyukliya esicetywayo ufumaneka kubathengi bokuwusebenzisa, kufuneka uthunyelwe ukusuka kwi-High Voltage Yard kwisikhululo samandla ngothungelwano Iweentambo zothumelo ze-high voltage nangothotho Iweentambo zosasazo. Ifilosofi yoyilo Iwenkqubo yothumelo kaEskom kukudibanisa isiseko esitsha somthwalo wemveliso kowona mthwalo ukufutshane kangangoko. Emva kokusinga ngemiba eliqela yokudibanisa (umz., ukuthembeka kwenkqubo nobulunga bonikezelo, ukuvelisa okunokwenzeka kwixesha elizayo kwiphondo ngalinye, ubude obufunekayo bentambo neendleko zesakhiwo sokusebenza) kuggitywe kwelokuba:

- Uphuhliso Iwesikhululo samandla eMpuma Koloni luya kuba nesiphumo sempucuko enku lu yokusebenza ngokwaneleyo kwenkubo nesiqinisekiso sokubonelela ummandla wengingqi, njengoko ingenawo umthamo wokuvelisa umthwalo wesiseko;
- Isikhululo samandla esise-Bantamsklip siya kuba noncedo olunganeno, njengoko iintambo zothumelo zama-765 KV kuya kufuneka zihanjiswe kumhlaba ohambeka nzima ngezithuthi, nto leyo iya kuba nesiphumo seendleko ezinkulu ezongezelelwego kwisiza sase-Bantamsklip; yaye
- Uphuhliso Iwesiza sase-Duynefontein luya kuba nesiphumo sokuhlanganisa ukuvelisa kummandla omnye ngokuchasene nokwahlukanisa ukuvelisa kufuphi namaziko amakhulu omthwalo.

Ngako oko, ngokwembono yokudibanisa uthumelo, isiza esithandwayo sesase-Thyspunt.

### **INDLELA EYA PHAMBILI**

I-NNR igunyaziwi yiNNRA ukuba inikezele ngokhuseleko Iwabantu, izinto zabantu kune nobume bemeko kumonakalo wenyukliya, ngokuthi kusekwe imigangatho yokhuseleko kune neendlela zolawulo. Ngokubhekiselele kwiCandelo 21 le NNRA, u-Eskom kufuneka angenise isicelo ngokusesikweni selayisenisi yokwenza isikhululo samandla enyukliya, isayithi, ukwakha, ukusebenza, ukususa isidyobho sento enobungozi nokuqhawula isivumelwano sentengo. UMthetho unika ithuba iBhodi yeNNR ukuba ibambe imihlangano kawonke –wonke ngokubhekisele kwimpilo, ukhuseleko nemicimbi yobume bemeko ebhekisele kwisicelo eso.

NgokomGaquo-Siseko weRiphabhliki yoMzantsi Afrika (Umthetho No. 108 yowe-1996) kune noMthetho oyi- National Environmental Management Act, iDEA inoxanduva lokuhlolola impembelelo yesikhululo samandla ombane kubume bemeko. Ukwamkela uxanduva olucacileyo oluntlantlumbini malunga nohlolo Iwengozi zokukhupha imitha, iNNR kune neDEA isayne isivumelwano sentsebenziswano apho ivumayo ukuba iDEA, njengeziphatha- mandla kwimicimbi yobume bemeko, kune ne NNR ziya kusebenzisana kuhlolo Iwemicimbi enxulumene nenyukliya. Malunga noku, iingcaphephe zezifundo zemiba yeradiyoloji zibandakanyiwe kulwazi oluwa kuxhasa iDEA ekuthatheni iziqqibo.

Le Drafti eHlaziyiweyo ye- EIR isasaziwe ukuze abantu banike izimvo zabo kuzo zonke i-I &AP Inani leendibano zikawonke-wonke ziya kubanjwa ngexesha lokuveza izimvo kwixesha lale Drafti eHlaziyiweyo eyi –EIR Zonke izimvo kolu xwebhu ziya kuqatshelwa ngu Arcus GIBB kwaye iimpendulo kulo ziya kunikeyelwa kwingxelo yemiCimbi neNgxelo (IRR) phambi kokungeniswa kweyokuGqibela iEIR kwiDEA ukuze ithathe isiqqibo.

Kuyaqikelelwa ukuba iDEAET yaseMpuma Koloni kune neDEA neDP yaseNtshona Koloni ngokunjalo kune neNNR (kwamanye amaSebe kaRhulumente) iya kuniqa izimvo kwiDEA malunga nokufeze kaEIR yokugqibela kwaye iDEA iya kuziqaphela ezi zimvo phambi kokuba yenze isiqqibo malunga nokwamkeleka kweprojekthi yeNyukliya 1. Zonke i- I&AP ziya kwaziswa malunga nokufumaneka kolwazi kanjalo nesiqqibo seDEA.

I-DEA igunyazisa isikhululo samandla senyukliya ecetywayo, kufuneka igunyaziswe ngokungqongqo ngokwemiqathango eboniswe kwiEIR eYilwayo eHlaziyiweyo. Ukuba amanye amanyathelo okuthomalalisa afunwayo akaphunyezwanga phambi kokuqala ukwakha, njengoko kukhuthaziwe (umz., imiqathango ngokuphathelele kukombiwa kweziza ze-archaeology ne-palaeontology), ngako ke ukwakhiwa kufuneka kungavunyelwa ukuqalisa.

Ukuba naziphi iinguqu eziphathekayo kuyilo Iwesikhululo samandla esicetywayo emva kokunikela i-Final EIR kwiDEA ngenjongo yokuthatha isiqqibo, uhlolo kwakhona lweempembelelo zokusinqongileyo lungafuneka. Ukuziqqibela ngokuphathelele kwiinkcukacha zobuchwepheshes zesikhululo samandla (njengoko kunkwe iinkcukacha kwiConsistent Dataset – Isihlomelo C) zibalulekile malunga nalo mba. Wakuba umthengisi wesikhululo samandla senyukliya echongiwe, kufuneka kuqinisekiswe ukuba imiyalelo yesikhululo samandla iyaqhubeuka ukuhambelana ne-

Consistent Dataset, esebenze njengesiseko senkqubo yaleEIA. Kukhuthazwa ukuba kufuneka uEskom abonelele ngesiqinisekiso esinjalo kwiDEA kuselixesha phambi kokuqala kokwakhiwa kwenekhululo samandla.